Indoda Ibaleka

Isimka Ebusweni beNkosi

Masigobe iintloko zethu. Thixo Othandekayo, silapha ngale njikalanga ngenxa yeli cham sinalo lokuzihlanganisa ndawonye kubekanye kwakhona. Kwaye nguWe wedwa, Nkosi, owaziyo ukuba ziyilangazelela njani na iintliziyo zethu le yure yokuze sibe nokuma phambi kwabantu baKho kwakhona apha, sizise lo Myalezo sizivela ngenene ukuba ungxamiseke kangako ngeli lixa. Usabele ezi ntsuku zimbalwa ngoku, kwaye siyathandaza, Thixo othandekayo, ukuba isandla saKho senceba sibe phezu kwethu, ukuze sisibonise sisikhokele. Kwaye siphe ezo zinto siswele zona, Nkosi, ukuze iintliziyo zethu zilangazelele ukwazi Wena ngokungcono.

2 Sibona intsimi enkulu yesivuno, imhlophe, ivuthiwe, yaye siyazi ukuba isivuno sele silungele ngoku elo xesha libalulekileyo lokubhula. Thixo Othandekayo, siyathandaza ukuba Uvule ubuyise umva amakhasi asijikelezileyo, masihlale kuBukho boNyana ngoku, kwezi ntsuku zimbalwa zilandelayo, size sivuthelwe eBukumkanini bukaThixo.

3 Sikelela lonke iculo eliyakuculwa. Sikelela wonke umthandazo, uphendule wonke umntu oyakuthandaza, Nkosi. Sindisa bonke abalahlekileyo. Buyisela endlwini yoThixo ophilileyo, nakubudlelane, abo bathe bazula zula kude.

4 Siyathandaza, Thixo, ukuba uphilise wonke umntu ogulayo oza phantsi oza phantsi kophahla lwethu. Siphe oko, Nkosi. Kwanga akungebi mntu ubuthathaka phakathi kwethu ekupheleni kwezi nkonzo.

5 Kwaye, Thixo othandekayo, ngoko ngeziqu zethu, thina sibanga ukuba ngale yure siliBandla, Ababiziweyo bakhutshwa, abo basehlabathini jikelele bathe beza bephuma eBhabhilon ukuba ngabo baxhamla kobu budlelane bumangalisayo kulo mhla wokugqibela, siyathandaza Thixo ukuba usikelele iintliziyo zethu ngeyona ndlela. Silambile ngenene, Nkosi, yaye siziqongqothe sazikhuphela ngaphandle kuzo zonke izinto zeli hlabathi, esaziyo ngazo. Nkosi, sibekele bucala wonke umthwalo onokusirhawula ngokusisisulu, kwaye ngoku masibaleke olu gqatso ngomonde, lubekwe phambi kwethu. Siphe oko, Bawo. Kwaye sanga singaya sizaliseka, sisomelela, sibanga Makristu angcono, ekupheleni kwale nkonzo, kunokuba besinjalo xa besingena. Wanga uThixo angafumana lonke uzuko, kuba oku sikucela eGameni likaYesu. Amen.

6 Ndicinga ukuba lilungelo elibalulekileyo, ngokuhlwanje, ebendililinde ixesha elithile. Ngenye imini ndandixelela

inkosikazi yam, ndathi, “Ndiba phatshu phatshu kakhulu, ndilindele ukuya kufika emnqubeni.” Ndathi nje... Ndinabanye abahlobo, kakade, ndinabo, ehlabathini jikelele, kodwa kukho into ethile enye malunga nalo mnquba ulapha.

Ndathatyathwa kolu thuli lujikeleze apha, apho uThixo wandinika khona ubomi apha emhlabeni; ndiyaqikelela, ukuba Akakabuyi, ndiyakungcwatyelwa apha kwindawo ethile. Ekubuyeni kwaKhe, Uyakundifumana ndilapha kwindawo ethile.

7 Kodwa, kukhangeleka ngathi, kukho into ethile, ndakucinga ngeJeffersonville. Ngenye imini ndaziva ndinxubile; ndathi kwinkosikazi yam, ndathi, “Ndikhumbula ekhaya, kwaye andazi ukuba ndikhumbula ekhaya malunga nantoni na, ngaphandle kokuba kube ngenxa yabantu abandithandazelayo.” Ndathi, “Ke, ndiya...Inye into endaziyo ukuba ndinokuyenza kukuphindela ndifumane iintsuku ezimbalwa zenkonzo, sibone ukuba asinakufumana nto ithile ivela eNkosini na, mhlawumbi Ifuna ukuba sibe nokuthile esikwaziyo.”

Kwaye eyona nkulu, ibalulekileyo ingongoma esinayo phambi kwethu ngoku ngu *Mtshato Noqhawulo-mtshato*. Kwaye ukuba kukho umbuzo, kunyanzelekile ukuba kubekho impendulo. Akunakubakho mbuzo ngaphandle kokuba ikho impendulo. Akunamsebenzi nokuba yintoni na, imelwe ukuba ibekho impendulo. Ukuba iNkosi ithandile, ndifuna ukuzama ukuthetha ngaloo nto, ngentsasa yangeCawa.

8 Kwaye ngoko, ngokuhlwa ngomso, ndiyacinga sizakuba lapha phezulu e...Sibizwa ngokuba yintoni eso sikolo? [UMzalwana uNeville uthi, “Parkview.”—Mhl.] Kwiholo yaseParkview. Yintoni, mhlekazi? [“Parkview Junior High.”] EParkview Junior High. Bangaphi abaziyo ukuba kuphi na apho? Kulungile, ndiyaqonda ukuba iyakubakho imiqondiso eyakukhutshwa, ayisayikubakho Mzalwana Neville? [“Ewe.”] Ibe...Silapha nje phezulu malunga—malunga nezahlulo ezithathu kwisine seemayile, kwaye uyakubakho umqondiso. Uyajika, uphume endleleni. Sesihle, isakhiwo esiphakamileyo. Sineendawo onokungqiyamisa kuzo ingalo, uthabathe amanqaku oko ufuna ukukubhala, ne—ne—nezinto ezinjalo. Kwaye ndiqinisekile ukuba niyakuyivuyela ngokuthe chatha kancinane kunokuba beniya kuba njalo, nibe buxinana apha kwinkonzo ezilapha e—emnqubeni. Indawo iyakuba nkulu, ibe nkulu indawo yokumisa iinqwelo.

9 Ngoku, ndiyacinga ukuba banomgqaliselo omncinane ebesithembise ukuwuthobela, wokuba, singangeni kulaa mhlaba kude kube malunga necala leyesithandathu. [UMzalwana uNeville uthi, “Hayi kude kube licala leyesihlanu; singabikho apho phambi kwecala

leyesihlanu."—Mhl.] Naxesha nini . . . ["Iingcango zivulwa ngeyesithandathu."] Ndiyakholwa ukuba iyakuba yimbono entle kuthi ukuba phaya ngecala leyesithandathu.

Ngoku, banayo enye iholo apha edolophini ehlala amawaka amathandathu. Ukuba siziphethe kakuhle kakhulu kule, basenokusivumela sifumane enye leya ngelinye ixesha ukulungiselela inkonzo enkulu, mhlawumbi ngaxesha lithile kweli hlobo ukubuya kwam phesheya kolwandle.

10 Kwaye ngoko ndiyacinga ukuba singahlalisa ukuya . . . Bangaphi abantu abonokuhlala phaya? [UMzalwana Neville uthi, "Singanokuhlalisa malunga namawaka amane."—Mhl.] Amawaka amane. Ngoko, uyabona, siyakuba nendawo enkulu kakhulu. Akusayi kubakho kungxama. Kwaye ngoko nyukani ngecala leyesithandathu. Ukuze ngoko wonke umntu abe nokungena ngexesha elililo, wonke umntu kunye, kwaye ndiqinisekile ukuba niya—niyakufumana indawo elungileyo. Kwaye iphakanyiselwe phezulu *ngolu hlobo*, ne—nendawo elapha apho unokubhala uthabathe khona amanqaku, njalo njalo. Kwaye oko kuyakuqalisa ukuba iNkosi ithandile . . .

11 Ndiyacinga ngoku, ngokuhlwanje, ingumthandazo wangoLwesithathu nje lo, sine . . . Le ndawo iphantse yazala, ngoko ndiyacinga mhlawumbi kungcono siqalise ngokuhlwa ngomso. Siyiqeshele nje kumathemba okuba mhlawumbi, ukuba singaba baninzi ngokokude siphuphume, sibe nokunyuka siye phaya. Kodwa ndiyakholwa ukuba . . . kuyakuba ngcono ukuba sinyuke, awucingi njalo, Mzalwana uNeville, ukuba sinyuke ngokuhlwa kwangomso? Yaye bangaphi abacinga ukuba iyakuba yingcinga elungileyo leyo? Ukuze ke nibe nendawo e—enkulu. Sele—sele iqeshiwe; ihlawulelwe ngabanye abazalwana abalapha ebandleni. Isidle nje kuphela amashumi amahlanu eedollar ngobusuku, ntoleyo ngokukhulu, kakhulu . . . Ndinqwenela ukuba ndibe bendifumene loo nto kuyo yonke indawo, apho kunokuhlala khona abantu abaninzi ngamashumi amahlanu eedollar ngobusuku, isakhiwo esitsha kraca, sinendawo yeqonga entle. Kwaye, thina si . . .

12 Kakade, sizakuthabatha iminikelo, ndiyaqonda. Kwaye asifuni ukuba loo madoda ayihlawule ngokwawo; siyakuyihlawulela . . . Sibuye sibahlawule. Kodwa xa sithe sazifumana iindleko zethu nezinto ezinjalo, ke, ngoko, kakade, siyapheza ukuthabatha iminikelo. Asiyi . . .

13 Ukuba kukho abangabasemzini abakunye nathi, siyenze yangumthetho wethu loo nto, ukuba singaze sicele, singqibe, sinyanzele abantu ngenxa yemali. Sidlulisa isityana senkongozelo, ntoleyo nje . . . Ngumthetho wenkolo lowo. Ndikhe ndayizama, kumaxesha amaninzi, ukuba ndingakhe ndidlulise isitya senkongozelo, konke, kodwa ayisebenzi.

’Yabona? Ngokuba, ukupha yinxalenye yonqulo lwethu. Yinxalenye yomsebenzi wethu. Akunamsebenzi nokuba yidime nje, okanye nantoni na ekuyiyo, okanye ipeni, iphelele . . .

14 Ngoko niyakhumbula, uYesu wabona umhlolokazi edlula, ngenye imini, apho amadoda azizityebi ayefaka khona okuninzi kobutyebi bawo kwindawo yokugcinwa kwemali. Waze loo mhlolokazi wedlula, mhlawumbi enabantwana ababini abancinane, abalambileyo behamba ecaleni kwakhe, wanikela ngento yonke awayenayo, iipeni ezintathu. UYesu wathi, “Ngubani ohlawule ngokukhulu?”

15 Ngoku, ukuba ndandilapho, ngendathi, “Musa ukuyenza loo nto, dade. Thina—thina, khangela, sinemali eninzi.” Kodwa Akazange amnqande. ’Yabona? Wa—wayesazi ukuba Wayenento enkulu ambekele yona emazantsi endlela. Ngoko, ’yabona, emva kwako konke, waba nekhaya eBuqaqawulini, awayesiya kulo. Kwaye Akazange amnqande. Wamyeka wafaka iipeni ezintathu zakhe apho, ngokuba yayiyiloo nto nje awayefuna ukuyenza. Kwaye kwakunyanzelekile ukuba afune ukuyenza; enabantwana, engumhlolokazi, kwaye izipeni nje ezintathu anokuphila ngazo. Yena, yena kwakunyanzelekile ukuba afune ukuyenza loo nto. Ngoko, uyabona, xa abantu befuna ukunikela, umelwe kukubanika ithuba lokwenza njalo.

16 Kodwa ndicinga ngaba bemileyo, nabantu besithi, “Ngubani oyakunikela ngamashumi amahlanu eedollar? Ngubani oyakunikela ngamashumi amabini eedollar?” Ndicinga ukuba oko kuyaxhwalekisa—kwingqondo yakho. Ndi—ndicinga ukuba abantu bayaqonda ukuba kuthabatha imali uku—ukuqhuba i—inkonzo. Kwaye andinakuze ndibavumele benze loo nto, abaphathi. Ndathi, “Nanini na kufanele ukuba nenze loo nto, ngoko lixesha lokuba mna ndibuyele emva emnqubeni. Ngoko, asinakuze sibe nayo loo nto.” Kodwa ndi—ndiyacinga ukuba simelwe kukusidlulisa isitya somnikelo, u—ukuze siyenze ibe yinkonzo egqibeleleyo yokunqula.

17 Ngoko ngokuqinisekileyo bayakudlulisa isitya esincinane somnikelo busuku ngabunye, bathethe into elolu hlobo, “Ke, sizakuthabatha umnikelo ngoku.” Kwaye bayakudlulisa isitya somnikelo, oko ke i—ibe sisiphelo saloo nto.

18 Busuku ngabunye, ukuba iNkosi ithandile, ndicinga ukuba iNkosi ibeke entliziyweni yam uMyalezo oqiniseke kakhulu oya kwiBandla. Ndibe neentsuku eziliqela ndisemthandazweni. Kwaye andifuni kungena kuloo nto, ngokuba isenzeko esingaqhelekanga esikhulu senzekile ngenye imini esithe sasikhulu kakhulu. Kwaye ndinexhala ngokunixelela ngaso. Ke ngoku, eyona ngongoma ingundoqo, ndiyaqonda, abathe abaninzi babo, uBilly wathi, ebendibiza, yayingu*Mtshato Noqhawulo-Mtshato*. Ntoleyo, iyenkulu—iyenkulu ingongoma,

kwaye be—bendingazi ukuba ndakuyivela njani na. Ndaze ndenyuka ndaya kuthandaza ngayo yaze iNkosi yahlangana nam. Kwaye ndiyazi ukuba mna, nge . . . Andinayo, kodwa uThixo uyinikele kum; ndinayo ke ngoku. UThixo undinike impendulo echanekileyo, 'yabona, 'yabona, kwaye ndi—ndiyazi ukuba iyinyaniso.

19 Kwaye andazi njengokuchanekileyo kanye okwangoku, mhlawumbi, ngeCawe ndisenokucela oodade bethu bayiqakathe nje inkonzo, bona, kodwa a—andazi. Kuyakuxhomekeka ukuba abafazi abatshatileyo bafuna ukuza nabayeni babo. Kukho—kukho izinto eziphilileyo ngenene ezizakuxelwa, inyaniso malunga nazo, nokuba zinjani na . . . Kwaye ngoko sifuna ukuyibeka ngokupheleleyo siyaneke, eka-ITSHO INKOSI, ngoko niyakuba niyifumene ngoko. Nifuna nje ukwazi oko kuyiNyaniso ngoko, kwaye ndithembele kuYe ukuba uyakuyenza loo nto.

20 Ke, ngoku, bendiphaya phezulu kulaa venkile yokudlela ngenye imini, ndisidla, waze—waze uJerry nabanye bebonke babe benifuna ninonke. Bathi, bathi, "Ke, thina . . . " Omnye, waba bafana bebelapho phezulu, wathi, loo mfo wathi, "Ndizakuma kakuhle kakhulu kule veki," wathi, "bane . . . Okanye, kwezi veki zimbini." Wathi, "Bane—nentlanganiso apha, yebhola yomnyazi, okanye into ethile eyenye." Wathi, ngoko bathe, "UBranham phaya ezantsi, uzakuba nenkonzo." Wathi, "Ndizakuphakela abantu abaninzi kakhulu." Phaya kwiRanch House, enye yezo ndawo ziphaya phezulu. Kwaye bebe . . . benobubele kakhulu.

21 Kwaye ndiyanibulela nonke, kuba bathe baqhayisa ngenene bathetha izinto ezimnandi ngani.

22 Umphathi phaya phezulu kwiRanch House uye wahlangana nam ngenye intsasa. Ndangena malunga necala leyesibini, ndivela e-Arizona. Waze wathi, "Ke, Mzalwana Branham," wathi, "Ndiva ukuba uzakuba nenye inkonzo." Wathi, "Ndinoncedo oluthe chatha," watsho. Waze wathi, "Ngoko ndifuna ukuthetha into ibenye, eyokuba abaya abantu besuka ezantsi," wathi, "bangabantu abalungileyo ngenene." Ngoku, loo nto yandenza ndaziva kamnandi kakhulu ngani, 'yabona.

Ngokuba, eneneni, ndiva ngokungathi ningabantwanana bam i-kids, kwaye ndi—ndi . . . okanye, abantwana, gxebe. Kwaye ngoko ndi . . . I-kid ibhekiselele kwibhokhwe, kwaye awuyobhokhwe wena. Nizizimvu. Injani ngolo hlobo? Nizimvana zeNkosi ethe Yandinikela ukuba ndizondle. Kwaye ndiyathemba ukuba kuya—kuya . . . Ukuba Iyakundinceda ukuba ndenze njalo. Siyehla sihamba ngendlela.

23 Ke malunga no*Mtshato Noqhawulo-Mtshato*, bendihleli ndifuna ukuthetha ngawo ukusukela ngexesha lala Matywina

aSixhenxe. Uyazi, imfihle-. . . Zonke iimfihlelo zazimele ukuba zazisiwe kuwo, ekuvulweni kwaloo Matywina aSixhenxe, zonke iimfihlelo zeBhayibhile. Kwaye ndiyacinga ngoku, ndiya ndisiba mdala, ndi—ndiyacinga ukuba ndi. . . Ndicinge ukuba kuyakuba ngcono ukuba ndiwufake ekhasethini okungcono, nokuba kunokubakho into ethile eyakundehlela, ngoko iBandla lisenokumangaliswa, "Ingaba yintoni ebenayo engqondweni yakhe? Yintoni ebeyakuyithetha?" Nazo zonke ezo ngongoma zibonakala zilukhuni kangako; ndiyacinga ukuba i. . . Ngoncedo lweNkosi, ndizakuzama ukuzizisa kuni. Ukuze ngoko—ngoko ukuba kuthe kwenzeka into, ukuba kuyenzeka ukuba ndihambe phambi kokuba Afike, ni—nibe ninawo ushicilelwe ngoko.

24 Ndiyacinga ukuba sineencwadi ezithile ezintsha eziphumileyo. Ndibona uDade Vayle; andazi nokuba ugqirha ulapha na okanye hayi. Ingaba ukho, Dade Vayle? Ngokuqinisekileyo usenkonzweni. Andimboni. Kodwa, oo, ewe, phaya emva kakhulu. Kwaye uMzalwana uVayle ubhale incwadi, kwaye ye. . . Ndaye ndacinga, ndiyakholwa ukuba bathe namhlanje, zimbini. Mzalwana Vayle, ingaba kunjalo, unezimbini apha ngoku? Iincwadi ezimbini. Ngoku, andazi, ndi. . . Ekuqondeni kwam, ukuba umntu ngamnye ufumana incwadi nganye kuzo. Ngoko Ndi. . . Ukuba wena. . . Nantso indlela endiyiqonda ngayo. Ndisenokuba ndiyaphazama kuloo nto.

25 Ke ngoko *IZigaba Ezisixhenxe ZeBandla* zigqityiwe (ingaba kunjalo, Mzalwana Vayle?) zibe ziyaxhaxhazwa ngoku. Kwaye ndiyazi ukuba niyakufuna ukuzifumana, kuba ziphendula imibuzo emininzi ebisezintliziyweni zenu. Ukuze ngoko emva koko, kulungile, sizakuzama ukufumana *AMatywina Asixhenxe* etyhiliwe, uyazi, encwadini, ukuze mntu ngamnye abe nokuwafunda ekuloo mo ukuze—ukuze xa befuna, babenokuqonda bafundisise. Ndicinga ukuba bayibhalile, ukuba i. . .

26 Kuqala, sayithatha siyikhupha ngqo ekhasethini, ngendlela eyayibhalwe okanye ithethwe ngayo. Uyazi, ungashumayela iintshumayelo, yenye into leyo, ukuze ngoko ukubhala incwadi ibeyenye. 'Yabona, njengokuba bekunokwenzeka ndiyichathe ingongoma ethile, njengokuba ndinokuthi nguwe, ungaqonda, ndingathi, "Ngoku, imbewu yenyoka," 'yabona.

Ke, ngoku, umfundi wencwadi, ukuba uthathe oko wakukhupha, angamangaliswa, "Yintoni imbewu yenyoka?" 'Yabona? Kwaye abanakwazi. Ukuba oko kwenzekile kuyokufika kwindawo enjenge Princeton okanye kwindawo ethile, kwaye ba—bangacinga ukuba singabantu abangenabulumko.

Ngoko ndifumene uMzalwana Vayle ukuba abe nokundinceda kancinane ngale nto andigcine ndisemgceni

waloo ngcinga inye, aze ayifakele ubizo-magama. Kwaye ndiqinisekile ukuba ubizo-magama banga . . . Lungayimfihlelo kubo, ngokuqiniseke mpela. Ngoko i . . . UMzalwana Vayle ungoyena ulungileyo kuloo nto, ngoko ufana nje . . .

27 Ke ngoko, kuloo nto, ndicinga ukuba abazalwana bethu abathandekayo basenokuba bathe bafumana intambiso encinane ethe chatha, ngandlela ithile, waze wathi uzakubhala incwadi ezimbalwa ezizezakhe, ngokuphuma kwezo, ngokufanayo. Waza wabhala enye ebizwa ngokuba, ndiyakholwa *Ngumprofeti Wenkulungwane Yamashumi Amabini,* nenye, *iBandla laseLawodike*, ndiyakholwa, okanye into enjengaleyo.

28 Kwaye uBilly undixelele ngokuhlwanje ukuba ndiyakholwa ngamawaka athile azo afikileyo namhlanje; umntu othile ufike nazo evela eTexas. Ke ngoko, zona, ziyakubalapha. Kwaye bayakukuvakalisa oko, ndiyacinga, nokuba kuyintoni na. Ndiyacinga ukuba ziyaxhaswa ngezimali. Andiqinisekanga. Kwaye ukuba kunjalo, niyakuziphiwa, uyabona, kananjalo, ngesisa. Kwaye siyathemba ukuba niyakuzivuyela. Ke ukuba kunokwenzeka, ubambe isandla kuMzalwana uVayle phaya emva umxelele ukuba uyithande kangakanani na. Andikayifundi, ngokwam. Ukuba ndithe ndazifunda, ndisenokutshintsha ingcinga yam ngazo, ngoko ndiza kuzama ukuzifunda kule veki ngeli thuba ndinethuba, ukuba ndinako.

29 Ngoku njengokuba kungokuhlwa koLwesithathu, inkonzo yethu ngokusesikweni iqalisa ngokuhlwa ngomso. Kodwa ndiyacinga, ekubeni ndilapha phakathi kwenu, a—a—andikwazanga ukuhlala nje phaya phezulu endlwini ni—nibe nina nonke nilapha ezantsi. A . . . kufana nje, uyazi, njengomnye wabazalana nawe afike, uyazi, uze ubaleke uye kutsho ekupheleni kwendlela ukuya kumhlangabeza, uyazi. Kwaye—kwaye ndi—ndicinge nje ukuba mandihle ndibaleka ndi—ndinamnkelele eJeffersonville. Ke ngoko kule veki iphelileyo ndimalunga . . .

Hayi, ndicela uxolo, kumalunga neeveki ezintathu ezidlulileyo, ndigqibele ekhaya. Bendiphaya phandle ndizama uku . . . Ndikwiinkonzo ezithile kwi-Arizona yonke phaya, ndaze ndabuya ukuza kuzama ukuphumla. Ndaze ndathabatha uhambo lokuya kuzingela, nda—ndafumana ingonyama ephuma phambili kwisizwe sase-Arizona. Ndabaleka ndanqumla amashumi amabini eemayile zemithi ukuze ndiyifumane.

30 Kodwa ngoko ukucinga, nangoko, ukuba andizange ndicinge xa ndandiyinkwenkwe encinane . . . Ukubonisa nje ukuba ezi zinto zisebenza njani na, yindawo encinane eyathi iNkosi yasipha yona phaya phezulu, kwezinyanga besiphaya ngaphandle, nesikolo esilungiselelwe abantwana.

Ndandiyinkwenkwe encinane. Ndiyaqikelela ukuba uJimmy Poole ukho apha ngokuhlwanje, mhlawumbi utata wakhe ukho, uJim omkhulu. Sasihamba isikolo kunye, kwaye ndikhumbula sihleli apho, njengabantwanana abadlaka-dlaka bakudala, izihlangu, sinxibe iiteki, iinzwane zithe gqi kuzo; siboleke isiqwenga sephepha komnye, nepensele komnye.

31 Ndandidla ngokubhala izibongo. Kwaye uNkosk. Woods, lo, undicele ukuba ndicengceleze loo nto ngale njikalanga ekhasethini, malunga neFord yam endala, uyazi, kwaye ye—yelunge kakhulu. Ngoku, uthe, "Ke, ufanelwe ukuba uyithumele kuMnu. Ford loo nto."

Ndathi, "Ininzi kakhulu inyaniso, ndiyakholwa," malunga nomphambili okhexezelayo, ukurhaxaza kwangasemva, negeri yokujija efana nomdlalo oxakayo wamaTshayina. Kodwa . . . a—i—iye . . . Kodwa endihlala ndisithi, into enye endinayo kukuba ndibale amatayari amane, ndize ndiyishukumise ngokwaneleyo ukuze ibe nokuduma ndize ngoko ndingene kuyo. Ndathi, "Yayilunge kakhulu ngokuya ndandinyuka ngayo induli, ihambe nje itsala ngokuthe chu ngenene, isithi, 'Ndiyacinga ndinganako, ndiyacinga ndinganako, ndiyacinga ndinganako.' Ngoko iqalise, kwelinye icala, isithi, 'Bendicinga ukuba ndinganako, bendicinga ukuba ndinganako.'" 'Yabona? Nantso indlela esiyinyuka ngayo induli, njengo *Hambo LomMhambi*. Ngoko thina . . .

32 Ndinesibongo esincinane endasibhalayo, into efana nale. Ndaze ndathi . . . Ngoku, cinga nje, ndandimalunga neshumi elinesibini leminyaka ubudala. Ndimi phaya phezulu, ngenye imini ndikhangele laa mwewe; ndicinga, "Ukuba laa ngonyama iyakube ihleli kanye apha kweli gumbi lingaphantsi, ikhangele ngefestile," kwifestile yeglasi. Ndandicinga ngesibongo esincinane. Ndabuyela emva ndayichola, into ethile enjengale. Cinga nje indlela uThixo . . .

33 Niyakholwa ukuba uThixo ungophefumelelayo ngokupheleleyo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] UThixo unyanzelekile ukuba abhale iculo. Niyakholwa ukuba uThixo ukho emaculweni? ["Amen."]

UYesu watsho. Wabhekiselela emva kuDavide, "Aniyazi ukuba uDavide wathini na eziNdumisweni? Niyazi, akana . . . "

34 Khangela kwa sekubethelelweni emnqamlezweni. UDavide wakucula, kwiNdumiso yama-22, "Thixo waM, Thixo WaM, UNdishiyeleni na? Wonke amathambo aM, aNdikhangele. Bagqobhoza izandla zaM neenyawo zaM." Uyazi, kwaye loo nto yayiliculo. IiNdumiso zi—ziliculo.

35 Kwaye kwesi sibongo, khangela nje indlela esithe senzeka ngayo. Ndihleli apho, ndingumntwana omncinane wakudala onesiqwenga sephepha esibolekiweyo, ndathi:

Ndinesithukuthezi, owu, ndinesithukuthezi
kakhulu ndicinga emzantsi ntshona,
Apho amathunzi anzulu awela phezu
kochochoyi lwentaba.
Ndibona ingcuka enyangasayo ijikeleza
inkungu emfusa;
Ndiva ingcuka ikhala ezantsi apho kudla
khona ezineempondo ezinde.
Kube kwindawo ethile phezulu emwonyweni
ndiva ingonyama incwina,
Kwezo Ntaba zikude zeCatalina kumda we-
Arizona.

36 Kwiminyaka engamashumi amane emva koko, ndihleli kanye apho kulo mwonyo, laa ngonyama indijonge ebusweni.

Owu Thixo, kukho iLizwe elingaphaya komlambo kwindawo ethile, zihlobo. Lifanele nje . . . Ndinyanzelekile ukuba ndibe lapho. 'Yabona? Ku—kuninzi kakhulu ukuthetha ngalo. Zonke ezi zinto azizontsomi nje; zi . . . Ziyinene. Zizizinto ezikhoyo. Ndivuya kakhulu ukubalapha ngokuhlwanje, ukuba ndibe kunye naba bantu ndilindele ukuphila nabo ngaPhesheya ngonaphakade, apho kungasayi kubakho sifo, okanye kufa, okanye kwahlukana. Kwaye ukuthabatha uhambo akusayi kubayonto kuthi ngoko.

37 Ngoku ndicinga ukuba akukho nkonzo ipheleleyo ngaphandle kokufundwa kweLizwi nokufumana okuncinane . . .

Mzalwana Neville, ndinyuke nje ukuza apha. UBilly uthe ufuna ukuba ndithethe. Ingaba kunjalo, Mzalwana Neville? [UMzalwana uNeville uthi, "Amen. Ewe. Ngokuqinisekileyo."—Mhl.] Ndisenokuba ndibe buthabatha ngokuqhela kakhulu, kodwa ndi—ndiziva ndinomdla nje kakhulu ngaloo nto. ["Kulungile, amen! Ngokuqinisekileyo yiba njalo!"]

Ngoko, ngoku, nina ninamaculo nezinto ezinjalo, bonanani noMzalwana uNeville xa nizakucula, ukuze ngoko niwacule nje, apho phezulu. Size ke sibe nethuba nje elimalunga nesiqingatha seyure lakwangaphambili, kwaye masingene kanye nzulu ngenene kule Miyalezo ze sibone ukuba sinokubona ntoni na iNkosi eyakuyenza. Kwaye ndiyathemba nje . . .

38 Ndi—ndiyakholwa ukuba sineNyaniso. Ndanelisekile yiloo nto. Kwaye ndiyakholwa ukuba yingqolowa, ngokupheleleyo, ikhasi liyahluba limnka kuyo. Uyazi. Kwaye, 'yabona, ndise nokunika nje intshayelelo encinane kuloo nto, ngokuhlwa ngomso, 'yabona, indlela elithi ngayo ikhasi lihlube limnke kwingqolowa. Kodwa ingqolowa imelwe kukuhlala kuBukho

boNyana, ukuze ivuthwe. Kwaye yiloo nto esizele yona apha, sihlobo, kukuze sihlale kuBukho boNyana lide iqela lethu elincinane labantu abalapha, lide lifikelele ekuvuthweni kuKristu, libe sisonka phezu kwesithebe saKhe. Nantso into endifuna ukuba yenzeke.

39 Ke ngoku phambi kokuba sisondele kwiLizwi, emva kokucengceleza izibongo, njalo-njalo, masithandaze kwakhona. Ngoko sizakuthabatha umxholo.

40 Yesu Othandekayo, sincede ngokuhlwanje ngoku, kula mazwi ambalwa, njengokuba silindele kuWe. Yaye siyathandaza ukuba ubabalo lwaKho nenceba yakho ibe phezu kwethu, Nkosi. Yaye zithambise iintliziyo zethu; susa kumnke lonke ikhasi, ameva, nemithana enameva, makuthi ukukhanya kwelanga okuyintsikelelo kukaThixo kuwe ngaphakathi phezu kweLizwi, Nkosi. Kwaye sanga singanenkonzo ebaluleke kangako kude kungabikho mntu ungasindiswanga phakathi kwethu, bonke abantwana babe ngaphakathi kuBukumkani bukaThixo. Abo bangaphandle kobhaptizo lukaMoya banga bangaLwamnkela, Bawo. Zanga zonke iimfihlelo ezinkulu esimelwe kukuzazi ngesi sigaba, Nkosi, zingatyhilwa kuthi; saye siyakukubona ukucaca kukaThixo, ukuze sibe nokwazi ukuba siyakuziphatha senze kanjani na, sizilungisa sisiziza amalungu wemizimba yethu kwingqeqesho yeLizwi, ukuze sibe nokwazi ukuba simelwe kukuphila njani kulo mhla wangoku ekusondeleni kweNkosi uYesu.

41 Njengokuba ndifunda iLizwi laKho ngokuhlwanje, Nkosi, ndisenokuthi, ngemfundo eyinxenye, ndibe nako ukufunda amanye wamazwi, ukuze mhlawumbi ndingawabizi kakuhle amanye. Kodwa, Nkosi Thixo, nguWe kuphela onokutsala okuqulethwe phaya. NguWe kuphela onokuyenza loo nto. Akukho—akukho ndlela yimbi yoluntu ukuba lube lunokuyenza loo nto; oko kulele ezandleni zaKho, Nkosi. Ngoko siphe, busuku ngabunye, ezo zinto zifihlwe kwiLizwi laKho, ukuze sibe ngaMakristu angcono siphila ngokwexesha esiphila kulo, njengemizekelo yoBukristu. Sikucela eGameni leNkosi uYesu. Amen.

42 Ngoku, abaninzi kuni, eziBhayibhileni zenu, ndifuna ukuba nityhile kwiNcwadi kaYona. I...Sihlala sithetha kakhulu kangako ngoYona ukuba wayengumkreqi nayo yonke into. Ndahlala ndimmela uYona. Andikholelwa ukuba uYona wayekreqile. A—andikholelwa kuloo nto. Ndikholelwa ukuba nje...Thina njengamanye amaxesha siyayisebenzisa loo nto, sithi, "UnguYona." Kodwa ukuba thina...Sendikhe ndathetha ngaloo nto, ngolunye uhlobo, ekuxeleni indlela endandicinga ngayo, uYona, okona kwenzekayo.

Ke kaloku kwafika iLizwi likaYEHOVA kuYona unyana ka-Amitayi, lisithi,

Sukume, uye eNineve, kuloo mzi mkhulu, umemeze ngawo; kuba iindawo zawo ezimbi zinyukile zeza phambi kwam.

Wesuka uYona ebalekela eTarshishe emnka ebusweni bukaYEHOVA, wehla ke waya eYafo; wafumanana nenqanawa eya eTarshishe; wayirhola ingqesho yayo, wehla wangena kuyo, ukuze aye nabo eTarshishe emnke ebusweni bukaYEHOVA.

43 Ayisosiphelo silusizi eso? *Indoda Ibaleka Imnka Ebusweni beNkosi,* yaye yingongoma yam leyo.

44 Ngoku, okokuqala sifuna ukucinga ngale nto. UYona waye. . . Isizathu, isizathu esiyintloko, endikholelwa ukuba wayenzela sona le nto inkulu apha, kwakungokuba uYona wayeliJuda. Kwaye wayecelwe ukuba kwisixeko seeNtlanga, ukuya kumemeza ngokuchasene naso; ecinga ukuba akasayi kwamnkelwa ngolo hlobo. Ngokuba, iiNtlanga zaziya kucinga, "Linakuthanani nathi eli Juda?" Kodwa, uyabona, enye into, isinika into enkulu apha ukuze siyibone, ukuba uThixo akangoThixo weJuda kuphela, kodwa UnguThixo weeNtlanga ngokunjalo. UnguThixo wabo bonke abantu.

45 Wanyula nje amaJuda. AmaJuda abizwa nguThixo njengabantu abanyuliweyo. Babenyulelwe injongo ethile ekhethekileyo. Kwaye loo njongo yayikukuba, awanike umthetho, kwaye akazange abe nakuwugcina. Waze Wabonisa nje, ngabo bantu, ukuba umthetho wawungenakugcinwa, nokuba Yena wayengu—ngu—nguThixo onobulungisa. Kwaye umthetho wawufuna ubulungisa, kodwa kwakungekho lubabalo emthethweni, ukuze lukhulule loo mntu. Akukho sohlwayo sahlawulwayo ngumthetho, kodwa kwathabatha ubabalo ukuhlawula eso sohlwayo, okanye kuloo ndawo umthetho wathi wasifaka phantsi kwayo.

46 Ke uYona apha wabizwa, njengale nto, engomnye wabaprofeti abancinane beBhayibhile, ukuba ehle aye kwesi sixeko.

Kwaye apha sifumanisa umzekelo wethu sisonke. Mntu ngamnye kuthi, sihlala sibaleka kwinto ethile. Sibaleka kwinkathazo. Sibaleka kumaxanduva. Thina, siqhelene mpela nokwenza loo nto. Thina, sinjalo, siqhelene nokungaphezulu nokubaleka kunokuba sinokumelana nayo into. 'Yabona, sisuka nje. . . Si—si—sizifumana sibaleka.

Ngamanye amaxesha sizifumana siqhelene nokubaleka umsebenzi. Asifuni kwenza loo nto, asifuni kusebenza. Abanye abantu bacinga nje ukuba bangasuka baphile ubomi ngaphandle kokusebenza. Kodwa, ndiyacinga, uSolomon nguye owathi singayifumana impendulo, ngokukhangela embovaneni.

47 Uyazi, imbovane encinane, bandixelela ukuba (nganye) imbovane engasebenzanga ingqengqe apho phakathi, loo mbovane ayidli ngobo busika, ngokunjalo. Ngoko, wonke umntu umelwe ku—kukusebenza.

48 Sinezinto ezininzi kakhulu esimelwe kukuzenza, sinoxanduva olungako esimele kukujongana nalo. Wonke umntu umelwe kukujongana noxanduva oluthile.

49 Xa wena—xa ufikelela e—ekunyuleni inkosikazi yakho, ukuze utshate, okanye ukunyula umyeni wakho, u—umelwe kukuthabatha uxanduva. Kwaye ngoko unyanzelekile ukuba ukhumbule . . . Mhlawumbi wakha ikhaya; likhaya elihle elithandekayo. Ke ngoko, khumbula, njengomfazi otshatileyo, umelwe kukucinga ngoxanduva lokukhulisa abantwana. Yaye umelwe kukucinga ngezo zintle, iindonga ezigudileyo eziyakuba nezincinane, izandla ezincinane ezingcolileyo kuzo. Ngoko unoxanduva lokufundisa abantwana bakho. Unoxanduva lokwambathisa nokondla.

50 Yonke into iluxanduva. Kwaye kulula, xa uxanduva lujongene nathi, ukuluphepha. Kwaye sifumanisa ukuba umtshato uluxanduva, ngazo zonke iindlela.

51 Nkqu, ngamaxesha amaninzi, siyafumana . . . Yinto elukhuni ukuyithetha le, kodwa iyinyaniso, ukuba abalungiseleli, ngamaxesha amaninzi, bayaluphepha uxanduva lokumela inyaniso yeLizwi likaThixo xa bemelene naLo. Bayakuluphepha olo xanduva. Xa iNyaniso yeLizwi likaThixo isiziswa ubuso ngobuso eluntwini, sino . . . siqhelene nokuphephela emva kude kube licebo lokugqibela.

52 Ndisandula ukugqiba ukuthetha nomtshana wam omncinane phaya phezulu. UngumKatolika, yaye u . . . Yaye ndayibhaptiza loo nkwenkwe, eGameni likaYesu Kristu, apha kwiminyaka embalwa edlulileyo, yaze yahlangana nentombazana encinane yajika yangumKatolika. Yaye ndabamba isandla sikanina ekufeni kwakhe ngaphaya. Wathi kum, amazwi okugqibela, "Uze waluse uMelvin." Ebesandula ukuphupha amaphupha. Akanako nje . . . Yonke, yonke imihla, kule veki iphelileyo, ebephupha amaphupha. Wathi, "Bendingena ebandleni, Malume Bill, yaye ubumile ushumayela apho. Bendinyuka ndibaleka, ukuya kuqalisa ukuvuma izono. Ndize ndothuke." Wathi, "Be— bendilahlekile."

Ndathi, "Melvin, awuswele kuyicaciselwa loo nto. Indawo yakho iphaya ezantsi apho ungowakhona." Injalo loo nto. 'Yabona?

53 Kodwa ukumelana noxanduva, ngamanye amaxesha kusixobula isikhumba, ukwenza loo nto. Njengotata, ukujongana noxanduva, lokutywatyusha umntwana. Aba bafo bancinane, awufuni kuyenza loo nto. Kodwa njengotata okanye umama, umelwe kukujongana noxanduva lokukhulisa

loo mntwana, ngokuba iBhayibhile ithe, “Ukuba uyaluyeka uswazi uyakumona unyana wakho.” Kwaye loo nto isemi kwelo litha kubo bonke ubungqondi obukhoyo ehlabathini. Loo nto isahleli iyiNyaniso kaThixo. Ukuba bebebaninzi abayenzayo, besingenakuba nabo ubutsotsi obungaka nezinto ezinjalo, nokubola esinako ehlabathini namhlanje.

Kodwa umthetho oyintloko wekhaya sewaphulwa, kwixesha eladlula kudala, kwaye babayeka abantwana benze nantoni na abayifunayo.

54 Kodwa nanjengokuba benditshilo, abalungiseleli, bayakuhlangabezana neNyaniso, baze bahambe bemnke kuYo. ’Yabona, ba—basuke nje babe ne. . . Kukhangeleka ngokungathi kukho into ethile aba—abangafuni kujongana nayo.

55 Ngamaxesha amaninzi ndikhe ndanabantu abezayo, bathi, “Ndiyazi ukuba oko kunjalo, Mzalwana Branham, kodwa ukuba ndiyenzile loo nto, bayakundikhabela ngaphandle kwebandla.” Kuyintoni ngaloo nto? Ukuba awenzanga njalo, bayakukhabela ngaphandle, phaya Phezulu. Ngoko umelwe kukukhatyelwa ngaphandle, kwindawo ethile, ’yabona. Ngoko usenokujongana nayo, endaweni yokubaleka kuyo uthi, “Ke, ndiza kuya *ngapha*. Andisayi kubuyela.” Buyela, ngokuqinisekileyo, Yiphula-phule ngokuthe chatha.

Phengululaiz Zibhalo. UYesu wathi, “Ziphengululeni iZibhalo, kuba niba ninoBomi obunguNaphakade kuzo, zibe Zona Zingqina ngaM.” Kodwa sifumanisa ukuba abantu abasayi kujongana naloo nto.

56 Xa bathe baziswa, kuBukho bukaThixo, naxa uThixo enze isithembiso, yaye uThixo ubophelelekile kweso sithembiso. Kwaye xa Esenza ukuba eso sithembiso senzeke, abo bantu bayoyika ukujongana noxanduva lokumelana noMyalezo welixa. Sifumanisa loo nto kuyo yonke indawo.

57 Nithini ngamaLuthere? Bangaphi abangamaLuthere ababesoyika ukwenza njalo, abantu babesoyika ukumelana neNyaniso kaLuther xa weza nongcwaliso? Khangela ukuba kwakubadla ntoni na oko, mhlawumbi ubomi babo ngokwabo, ukuba baphume bavume ukuba uYesu unguKristu ba—babe nga—ngamaLuthere.

58 Khangela kuni maWisile indlela ekwakukade Kuyiyo, nonke nanibizwa ngoku ningabaqengqeleki abangcwele. Ndiyaqikelela ukuba niyayazi loo nto. Kwaye babengena kuMoya, baxhuzule besiya emva naphambili. Baze bathi ba—bano “kuxhuzula.” AmaWi-. . . Loo nto, hayi, asingobantu bakwaMoya abo; yayingamaWisile lawo, kwiminyaka emininzi eyadlulayo. Yaye babexhuzula, ashukume, bawe phantsi kwamandla kaThixo. Baye babegalela amanzi ebusweni kubo, babaphe umoya ngamaphiko okwenza umoya, becinga ukuba baqulekile. Kwaye, ngoku, nanibalelwa ekuthini niliqela

labaqengqeleki abangcwele. Kodwa nani naloo nto, oomama nootata benu, kwafuneka ukuba babephakathi kokuba baYamnkele, bajongane neNyaniso nenyaniso, kungenjalo bayale.

59 Nithini ngani bantu bakwaMoya namnkela ukubuyiselwa kwezipho, xa ubhaptizo loMoya oyiNgcwele lwafikayo, nokuthetha neelwimi, nezipho zikaMoya zazisihla phezu kwebandla? Kuba, amaWisile afuna ukunikhabela ngaphandle, yaye ayenza loo nto. Kodwa kwanyanzeleka ukuba nimelane nayo. Yinto enaninyanzelekile ukuba niyenze leyo.

Nithini ngaloo mcimbi, ekufikeni kwawo, malunga nobhaptizo eGameni likaYesu Kristu, naze nayibona ukuba yayiyiNyaniso leyo? Nimelwe kukujongana nayo, okanye nenze into ngayo.

Unoxanduva, wonke umntu unalo, kwaye umelwe kukujongana nazo ezo zinto. Kulungile.

60 Kwaye xa ubona ngoko, kulo mhla wangoku, apho iLizwi likaThixo lenze ezi zithembiso zezinto esimelwe kukuzibona zisenzeka ngoku, ngoko sinoxanduva lokuthi mhlawumbi sijongane naLo okanye sibaleke kuLo. Unyanzelekile... Awunako nje ukuba phakathi. Umelwe ukuba ube nento oyenzayo ngaLo. Wathi...Intshukumo ethile imelwe kukwenziwa.

Awunakungena kulaa mnyango wenkonzo uze uphume usengumntu omnye obungene unguye. Kuphakathi kokuba uthe qelele ukumnka, okanye uye waba busondela kuThixo, lonke ixesha ungena okanye uphuma phaya.

61 Owu, kulula njani ebantwini ukuziphepha ezi zinto. Kwaye ndifuna ukuba sicinge ngezi zinto xa siqalisa ukungena kwimisebenzi yethu esemthethweni ngokuhlwa ngomso, ukuba, ndifuna ukuba ndiqaphele ukuba xa into ethile ikucela undikho, ukuba u...ukuba kukho umbuzo malunga naloo nto. Ukuba ukho umbuzo malunga nayo, kumele ukuba kubekho impendulo.

62 Masithi, ngokomzekelo, ndithe bendisiya entshona, ukuze undikhombise *ngapha*. Ke, into yokuqala uyazi, ndiyakubaleka nje ndidlule kwindawo endikhonjwe kuyo, ndibaxe... Ndisemantla-ntshona. Ke, bekunokuthini ukuba umntu undikhombe ezantsi *ngapha*, ndize ndibheke ngaphaya? Ndiyakudlula kule nto yam bendikhonjwe kuyo kwakhona; ndiye ngasemazantsi-ntshona. Ke, okoko nje kukho umbuzo, kungaphi na entshona, kumelwe ukuba kubekho impendulo ethe ngqo kwindawo ethile.

Kwaye xa kukho le mibuzo ijongene nathi, malunga neeNyaniso zeBhayibhile, kumelwe ukuba kubekho impendulo echanekileyo kwindawo ethile. Injalo loo nto. Imelwe kukuba khona.

63 Kwaye xa sibona iNto ethile isiziswa kuthi. Ndiyacinga, endaweni yokubaleka nje simnke kuyo, sithi, "Owu, yimfeketho, andinakuyikholelwa into enjengaLeyo! Andinakukholelwa kuloo Nto." Kutheni ungathabathi iBhayibhile nje, uhlale phantsi ujongane naYo. UYifundisise. Ulapha enkonzweni ngoku, ukuze uYijonge. Hlolisisa Yona, ngokwakho, ngeLizwi. Lihlole iLizwi, ngeLizwi. Yiloo ndlela kuphela onokuYiqonda ngayo iNyaniso. Kwaye Imelwe kukuchaza iNyaniso, ukusuka kwiGenesis ukuya kwiZityhilelo.

64 UKristu usisityhilelo seBhayibhile iphela. KuYe, uKristu, yonke inzaliseko. Ezalisekisa zonke iziprofeto zeBhayibhile kukhawulelwene nazo ngaphandle kwemiqathango kuKristu Yesu, kuba Yena wayenguThixo ebonakalaliswe esenyameni.

65 Ngoku xa sifumanisa ezi zinto, nangoko, xa kusiziwa kuthi singene enkonzweni, sibone aMandla kaThixo eshukuma esenza izinto, esenza imisebenzi yamandla angaphezu kwendalo, siyibone isenziwa, sikhangele eBhayibhileni sibone ukuba oko kusisithembiso sale yure; ngoko xa sibona ezo zinto, ngoko sijongene noxanduva lokuba sikwamnkele na, ndithetha, ukwenzela iziqu zethu.

66 Ngoku, abantu abaninzi baba novelwano, abantu abaninzi bathi uyinyaniso. Kodwa loo nto ayenzi—ayenzi ukuba ibe yiloo nto . . . Asiyiloo nto onoxanduva lwayo. Njengokuba benditshilo, bekunokuthini ukuba apho . . .

67 Ukuba bendingumfana oselula, ndikhangela inkosikazi, ndizakutshata; naku kumi intombazana ehlangabezana nazo zonke iimfuno endicinga ukuba zinokwenza umfazi. Kuba, ngokuziphatha ingukumkanikazi, iyathandeka, i—inesimilo esihle, uMkristu wenene, yonke into endinokucinga ngayo, enokwenza inkosikazi elungileyo. Akukhathaliseki nokuba ndingathi igqibelele kangakanani na, ilunge ngokuchanekileyo, asiyoyam ndide ndiyamnkele noxanduva lwayo lokuba yinkosikazi yam.

68 Uyiloo nto inye uMyalezo. Usenokuthi, "Unjalo, okanye *oku*, *nokuya,* okanye *okunye*." Uze uthi, "Ndiyavelana naWo. Ndiyakholwa ukuba UyiNyaniso." Kodwa unyanzelekile ukuba Uwamnkele; kwaye Uyakuba yinxalenye yakho, nawe ube yinxalenye yaWo. Umelwe kuku . . . Ngoko, Ungowakho.

69 Xa utshata lo mfazi uthe wamkhetha, u—umnye ngoko naye.

Kwaye yiloo ndlela ekuyiyo kuwe noKristu. Xa uMbona ebonakalaliswe wenziwa wayinene, ngoko uyinxalenye yaKhe, aze Yena abe yinxalenye yakho. Kwaye, nikunye, niyinxalenye yoMyalezo.

70 Owu, zingaphi iinqanawa zobuhlelo esinazo zisihla zisiya eTarshishe, zoYona balemihla, ngamakhulu alithoba awo, anento, iinqanawa ezithabatha indlela elula. Ezingafuni kumelana naloo nto.

UYona wayengafuni kumelana nayo, into yokuya kwiiNtlanga. Wayengafuni kuthabatha loo Myalezo ukhohlakeleyo awuse ngaphaya, "Kumashumi amane eentsuku, niyakube nitshabalele ukuba aniguquki." Wayekuthiyile ukwenza loo nto. Waza wacinga, "Eza Ntlanga, kunzima ukuyiqonda into eziyakuyenza kum." Kodwa kwakunyanzelekile ukuba amelane nayo. 'Yabona? Kodwa wathabatha inqanawa elula wahamba wehlela eTarshishe, wehla ekwigobho-gobho lenqanawe waya kulala; esiya kwindlela elula.

71 Yindlela elula, yindlela edumileyo kubantu. Kulula ukuthabatha indlela apho wonke umntu anokukumbambazela emqolo athi ungumfo olungileyo, "Ke lo ngu*sibani-bani* yaye ngokuqinisekileyo," lize ihlabathi likhangele kuwe. Kulula ukuya kwindlela edumileyo.

Kodwa xa—xa unento ethile eyahlukileyo omelwe kukuyenza, xa umelwe kukumela ukugweba kwentliziyo yakho ngento oyaziyo ukuba iyiNyaniso, nantso eyona ndawo inzima, naku apho kufika khona ukuxikixeka, kanye apho.

72 Owu, njengokuba besiqhele ukucula ela culo lidala:

> Kulula njani xa sisihla ngolwandle, kube kuzolile,
> Ukuthembela kumandla engalo kaYehova.

Kodwa, owu, makuqalise ukubhudla amaza, ma—mawubhudle umoya unyuse amaza, ngoko wenza ntoni?

73 Yinto efana nokuba ndaxelewa, ngaxesha lithile, ukuba inenekazi elithile lathi. Phaya kudala kwiintsuku zeenqwelo namahashe, ukuba kuthiwa ihashe labaleka lemnka nalo, livela enkonzweni. Kwathiwa, "Wenze ntoni?"

74 Lathi, "Ndithembele eNkosini yade imikhala yaphuka." Ke, nalo ixesha lokuthembela eNkosini, emva kokuba yonke . . . emva kokuba imikhala yaphukile. Uthembela emikhaleni ide ibe yaphukile. Ewe.

75 Ngokunjalo sifumanisa ukuba sineendlela ezilula ezininzi esinokuhamba ngazo, iinqanawa ezihlayo eziya eTarshishe, kuba kulula, ukungabi naxanduva. Kuyehla nje ukungena, kunayo yonke into izizela; wonke umntu uyakuthanda. Kwaye, wonke umntu, uyi . . . Akukho mntu ungavumelaniyo nawe; akukho mntu ungavumelani naye. Ngoku, asiyofayidukhwe ke leyo! Injalo loo nto. Ewe, kutyhalelwe ngaphaya, ugobele ngapha! Kuba, nabani na, andikhathali nokuba ungubani na, nokuba umele ntoni na . . . Eneneni, abantu abacinga ngokundilekileyo bayakucinga ngokungcono ngawe ukuba uyakumela oko kugwetywa yintliziyo yakho ngento elungileyo. Kunjalo. Ungakhathali . . .

76 Thabatha umfazi, usenokuba ngongazange abe nomtsalane kangako, nokuba uyintoni na; kodwa ukuba ungenza ukuba

loo mfazi amele imithetho eyintloko yobufazi, umenze amele ubunenekazi; kwaye ukuba indoda inalo isuntsu lobudoda ngayo, iyakumela yena. Ngokuqinisekileyo. Siyayithanda into ethile ku—kumntu anayo, akholelwa ukuba iyinyaniso eyakumela loo nto acinga ukuba injalo.

77 Indlela abhetye-bhetye ngayo, ayiloo nto aMakristu amaninzi kakhulu namhlanje, athambe okwesepha nayo yonke into, ade afikelela ekucingeni ukuba inye kuphela into anokuyenza kukujoyina inkonzo, aye kungena kwindawo ethile, abhalise amagama awo encwadini, okanye enze into ethile encinane, axhume esihla enyuka, ekhwaza, okanye—okanye into ethile enjengaleyo, ayibize ngokuba buBukristu.

UBukristu bumihla yonke, ubomi obugadalala, ukuphilela uThixo kwi . . . kweli hlabathi langoku. Kukutshiseka okuqhubekayo koMlilo nothando lukaThixo, entliziyweni, olutshisayo lukubeke ngaphaya ebantwini, lukwenze uguqulele abantu kuKristu. Uxanduva.

78 Kodwa kulula ukuhamba ngendlela elihamba ngayo ihlabathi. Kulula ukukhukuliseka uhle nomsinga.

Uphumela phaya phandle ungene emlanjeni, nephenyane lakho. Ufumana amaphini akho uqalise ukunyuka ngokuchasene nomsinga; awuthabathi xesha lide, kuze kube nzima ukuhamba. Kodwa khawuyekelele nje amaphini kube kanye ukhangele ukuba uyakudlula ngokukhawuleza kanganani na emithini, usihla, kodwa khangela apho uya khona!

Xa izinto zihamba lula, khumbula, uya ngakwe—kwenkulu ingxangxasi apho ezantsi, yohlobo oluthile. Usondela kwiingxangxasi, kwaye akusayi kuba kudala uyakuba usihla ngaphaya kwezo ngxangxasi. Ukhukuliseka nehlabathi, ngokulula, indlela ekuhamba ngayo, awuyazi loo nto. Hayi, mhlekazi. Kodwa kunyanzelekile ukuba ku- . . . wamnkele uxanduva.

79 Ngoku, niyakholwa yiloo Nto, yaye nine- . . . Nicinga ukuba yiNyaniso Leyo.

80 Yaye uxanduva athe uThixo walunika thina kulo mhla, kukuzisa lo Myalezo! Kwaye njengokuba ndisiya ndiba mdala, ndibe ndisazi ukuba iintsuku zam ziyancipha, ndiziva ndinoxanduva olukhulu kunokuba ndakhe ndaziva. Ukunyanzela ukubheka phambili, simelwe kukulwenza! Simelwe kukungena kulo, kuyo yonke indawo esiya kuyo, siwuxele lo Myalezo; si—sixelele abantu ukuba uYesu Kristu uyeza, ukuba Yena nguThixo yaye Uyeza kwamsinya. Akukho—akukho themba lishiyekileyo kwihlabathi koko kuKuza kweNkosi.

81 Xa ndikhangela phaya emva kubahlobo abathile ababenam phaya phezulu xa iNgelosi yeNkosi . . . Abafana abathathu

abahleli apha ndiyakholwa ukuba bayifumana loo ndawo kwenzeka kuyo oko phaya phezulu. Yaye khumbula nje oko iNkosi yakuthethayo ngalaa mini, kuMzalwana uWoods. Wayehamba enyuka induli. Kwaye—kwaye wayebulila, ngenxa yokuba inkosikazi yakhe yayigula. Yaze iNkosi yathi, "Thabatha ilitye uliphose emoyeni, uthi, 'ITSHO INKOSI.'" Ndaze ndayenza loo nto. NoMzalwana Woods uhleli njengengqina.

82 Ndaze ndathi, "Mzalwana Woods, akusayi kuba thuba lide ungabonanga into ethile isenzeka." Kwaze kwathi ngosuku olulandelayo, xa sasimi apho, sisonke kunye . . . Neqela lamadoda elimi kanye apha ngokuhlwanje.

83 Umshumayeli oselula wayelapho, kwaye wayeza . . . Ndaqaphela . . . Ndisandula ukuhlangana naye kubusuku obungaphambili. Wayekwinkampi yethu. Wenyuka ukuze ayokuba kunye nathi. Waze wathi kum, wathi, "Mzalwana Branham, ingaba ukhe uyibone imibono, kwindawo engaphandle nje ngale?"

84 Ndathi, "Ewe, mhlekazi. Kodwa ndize apha ukwenzela ukuba ndimnke kuyo, ukuze ndibe nokuphumla kancinane." Wathi . . . "Kulungile," ndathi, "Ndi—ndi . . . Kakade, Uyandibonisa izinto apha ngaphandle." Ndaze ndathi, "Kanye apha ngapha kwale nduli, kulapho iiNgelosi ezisixhenxe zavela khona phaya ezantsi."

Wathi, "Ewe, ndiyaqonda." Wathi, "Ndandingomnye wabaxhasi beenkonzo zakho ngaphaya eCalifornia."

Ndathi, "Kulungile, ndiyavuya ngenene ukuyazi loo nto."

85 Sathi siseme apho, kanye ngoko ndabheka-bheka ndaze ndabona ugqirha oluhlobo lomntu omkhulu ekhangele emehlweni kuye, ndaze ndamva esithi, "Uza kulahlekwa lela liso, ngokuba kukho into engangqinelani nezinto ezithile apho. Ibe ndilinyange isithuba seminyaka emibini, yaye uyakulahlekelwa lelo liso."

Ndathi, "Isizathu sokuba undibuze loo nto, kungokuba ugqirha wakho ukuxelele ngenye imini ukuba uyakulahlekelwa lela liso."

Waze wathi, "Injalo loo nto," waze wabheka-bheka *kanjeya*.

86 Ndaze ndabona unina ekhupha enye yeekawusi ezinde zakhe ebamba unyawo elukhupha, lunento ezincinane zamathumba ajingayo ezantsi phakathi kweenzwane zakhe, ukunyuka nokuhla ngomlenze wakhe; wathi, "Ukuba umbonile uMzalwana Branham, uzumxelele ukuba athandazele ezi zinto."

Ndaze ndathi, "Umama wakho isandla sakhe . . . ukhuphe unyawo lwakhe *kanjeya*, waze wathi

elubambile . . . enamathumba amancinane kuyo yonke indawo e—ezinzwaneni zakhe, njalo njalo; wathi, 'Ucele uMzalwana Branham athandaze.'"

Wathi, "Mzalwana uBranham, yinyaniso leyo."

87 Ndakhangela emva. Ndathi ndakwenza njalo, ndambona emi apho ekhangele kum, *ngolo hlobo*, amehlo akhe ekhanya kangangoko. Ndikhe ndahlangana naye kobu busika; wayenamehlo angcono kunaye nabani na kuloo nkampu. INkosi yayimphilisile yamenza waphila.

88 Ngethuba ndandimi apho, iNkosi yathi, yandibonisa into eyayizakwenzeka. "Umgwebo uzakuhlasela uNxweme lwaseNtshona." Yaze Yathi, "Yiya ngaphaya, ecaleni kwela ziko."

89 Ndandiphethe umhlakulo esandleni sam; ndahamba ndaya ngaphaya. Wabe uMzalwana uRoy Roberson, sonke siyamazi apha. Akakho apha ngokuhlwanje, njengokuba ndisazi, use-Arizona phaya ngaphandle. Ungumhlali ngaphambili wabasayinela izimali apha, kwaye ndandimazi njengomakhwekhwetha. Kwaye kwakukho into ezakwenzeka; ngokukhawuleza kakhulu, kusekusasa, malunga nentsimbi yeshumi kusasa. Babe abafana jikelele apho, ishumi okanye ishumi elinesibini lethu, bethula iintente, behlinza iihagu, nezinto ezinjalo. Ngoko thina . . . Ndahamba ndajikela, ndathi, "Roy, zimela, ngokukhawuleza. Kukho into ezakwenzeka." Ndandingasenakumxelela ngokuthe chatha. Kodwa kwangendlela enye ndaya kufika nje ngapho . . .

Kusihla emazulwini kweza uqhwithelo lukaThixo, lwaqhwaba, ngokungathi, lwashukumisa iinduli, lungena kumphakathi waloo ntaba, lwacanda ithanda konke jikelele, malunga nesihlanu seenyawo entla kwentloko yam, lwanqumla zonke iintloko zaloo mithi zesuka, njengokuba amatye ayephuma. Lwenyuka lwaya emoyeni lwaze lwabuya lwehla kwakhona, nolunye ubhaptizo olukhulu, lwabetha lwanqumla intaba, lwajula amanye phezulu kanjalo. Lwayenza kathathu loo nto, lwaze lwabuyela phezulu emoyeni.

Waze uMzalwana uBanks weza ngakum, wathi, "Yilaa nto ubuyithetha izolo le?"

Ndathi, "Ewe, mhlekazi, yiyo kanye." 'Yabona?

90 Kwaze ngoko kwiintsuku ezimbini emva koko, i-Alaska yazika, ngokusondeleyo, phaya phezulu. Kwaye ukuhla nokunyuka kwelo nxweme lwaseNtshona kube ziindudumo nokutyhala, nayo yonke into eyenzekayo. Kwaye ngolunye lwezi ntsuku luyakuthi lubhidlikele phantsi konxweme. Kulungile. Kungathini ukuba kuko oko? Siphila kwiyure yokuBuya kweNkosi.

91 Xa sibona ii-isms nezinto ezinjalo zivela, nazo zonke ezi zinto zahlukileyo, siyazi ukuba kumelwe ukuba kubekho impendulo eyinene kule nto.

Kukho abantu apha phandle kweli lizwe ngoku, abaya kungena emiqolombeni nakwiindawo ezinjalo, "Kwaye ngowe-16 kaMatshi," nifundile ephepheni, "INkosi iyeza." Niyazi ukuba oko akunjalo.

UYesu wathi, "Akukho mntu uwaziyo umzuzu naloo yure."

92 Siyakuzibona ezi zinto, nezinto ezenzeka ngale ndlela zingayo, kwaye kumelwe ukuba kubekho impendulo eyinene kwindawo ethile. Kunyanzelekile ukuba kubekho iNyaniso. Inye, impuma; ikwanye, intshona; kodwa kukho omnye, umzantsi-ntshona, nomntla-ntshona, okanye enye into. Kodwa imele ukuba ibekhona impendulo eyinyaniso, kwindawo ethile, kuloo ngxaki. [Yindawo esisikhewu le ekhasethini—Mhl.]

93 Sikuphephe oku? Sinyanzelekile ukuba sibaxelele abantu ukuba siphila kwiiyure zokuBuya koNyana kaThixo. Sifuna—sifuna ukujonga kwaye (uThixo) abe sekusebenzeni, lonke ixesha, elungele ukunika umntu impendulo echanekileyo.

94 Kwahlala kulolo hlobo. Kwahlala—kwahlala kusemntwini, uye waphepha wemnka kuThixo, ukusukela ku-Adam, emyezweni wase-Eden. Xa u-Adam wase-Eden, akufikelela kuxanduva ukuze abe nokuzikhethela, ingaba wayeya kuhlala kunye noThixo okanye ahambe nenkosikazi yakhe? Wayesele ekwenzile oko ku-. . . wayenyanzelekile ukuba ayenze loo nto, u—uxanduva lwaluphezu kwakhe. Kwakuphakathi kokuba athabathe oko kwakuthethwe yinkosikazi yakhe okanye oko kwathethwa nguThixo. Waze wathi akukhetha ukuhamba ngendlela yenkosikazi yakhe, wathi akuyenza loo nto, ngoko walahlekwa yimo yakuqala. Wezisa ihlabathi liphela ekuthobekeni ekufeni, xa kwakunyanzeleke ukuba athabathe uxanduva, okanye kungenjalo amnkele ukukhanya okutsha eyathi inkosikazi yakhe yakufumana, okwakutenxile.

Owu Thixo! Yicinge loo nto. UThixo wabanika kuphela malunga naMazwi asibhozo okanye alishumi ukuba bawagcine. "Ke kulaa mthi anisayi kudla." Yiloo nto kuphela ababemelwe kukuyigcina. Kwaye nditsho no. . . [Yindawo esisikhewu le ekhasethini—Mhl.] . . . Elingakho iLizwi, baLaphula.

Ngoko u-Adam kwakunyanzeleke ukuba ajongane nento, "Ingaba ndiyakwenza njalo, ingaba ndiyakwenza njengokuba inkosikazi yam ithe mandenze, okanye ndiyakwenza loo nto uThixo athe mandiyenze?" Yaye wahamba waphuma amehlo akhe evulekile. Wayemelwe kukuthabatha uxanduva. Loo nto yaphosa uhlanga loluntu luphela ekufeni.

95 Ngoko kweza omnye u-Adam, owayenguKristu, akazange abekho ofana naYe! Ingaba ukho umntu othi Wayengenguye uThixo? Ukuba ngowahlukileyo kwakhe kwamqondakalisa ukuba WayenguThixo. Akuzange kubekho sidalwa sakhe saphila njengaYe. Wayephila kwihlabathi eZiphilela yedwa. Wazalwa ngokungaphandle komda wemvelo, indoda enesono. Haleluya! UnguMdali ngokwaKhe enziwe inyama.

Ngubani owayenokukhe eme apho Wema khona? Ngubani owakhe wathetha njengaye? Ngubani owakhe wathetha izinto Awazithethayo? Ngubani owakhe wenza izinto Awazenzayo? Ukuba ngowahlukileyo kwakhe kwaqondakalisa ukuba WayenguThixo. Akuzange kubekho mprofeti nantoni eyenye eyayinokwenza oko Wakwenzayo; nguBani owayenokubiza ofileyo aphume engcwabeni, inguBani owayenokumisa isibhaka-bhaka, aze enze nantoni na Awayefuna ukuyenza. WayenguThixo. Ngubani owayenokuma endaweni yaKhe? Ngubani? Yintoni Awayenokuba yiyo ingengulowo ugqibeleleyo, uThixo ongenakubhubha, enziwe inyama wahlala phakathi kwethu!

96 Akukho nto yakhe yathelekiswa naYe. Wayephila kwihlabathi Eziphilela yedwa. Akukho mntu wakhe wathetha njengaYe. Ekuvuleni kwaKhe nje umlomo waKhe, kwakukho into malunga noko, loo nto yayahlukile kuye nabani na ongomnye. Umntu othile wathi Wayengumntu nje oqhelekileyo; ndiyayiphikisa loo nto. WayenguThixo. Nantso into Awayeyiyo. Kuba, akukho mntu wakhe wathetha njengaYe, akukho mntu wayenokuthetha njengaYe, ngokuba Yena wayeliLizwi eliphilileyo ngokwaLo lenziwe inyama, isibonakaliso senzaliseko kaThixo.

97 Ndiyakuvuma, abo baprofeti babenayo imiyalezo yabo. Babenayo ngoko; banayo ngoku. Kodwa apho yayiyinzaliseko yentloko-buthixo ngokomzimba, ibonakalalisiwe apho. WayeNgowahlukileyo, kwaye WayenguLowo kwakumele ajongane nomcimbi. Ngawo onke amandla aKhe amakhulu Awayenawo, kangangokuba ngeWaba nguKumkani wehlabathi ngokupheleleyo. Uyakuba nguye; kwaye unguYe, kwiingcwele zaKhe, unguYe ngoku.

98 Wema apho. Ngubani indoda eyayinokuba lihlwempu, engenandawo yakulalisa intloko yaKhe; owayesazi nalapho intlanzi iginye khona ingqekembe yemali. Ngubani, yeyiphi indoda eyayinokuthabatha ezo jokhwe zinkulu zamanzi iwajike abe yiwayini, ize ingabi nandawo yakulalisa intloko yaYo yokugqibela? Wayemelwe kukujongana noxanduva olwalunikelwe ezandleni zaKhe. Ngubani umntu owayenokuvusa umntu ofileyo amkhuphe engcwabeni, emva kokuba efe iintsuku ezine ebolile?

Ingaba WayengenakuZisindisa? Ngokuqinisekileyo, Wayenokuba nako; kodwa ukuba Wayenze njalo,

ngeWayengazange asisindise thina. Wayenyanzelekile ukuba ajongane noxanduva, nangenxa yokuthobeka kwaKhe kwiLizwi! Ngeli thuba, u-Adam wayengenakuthobeka, kwaye wathabatha indlela enqunqayo, i—indlela ehlayo eya eTarshishe. Kodwa uYesu wathabatha indlela eya eNineve, kwiiNtlanga, ukuya kuZifumanela uMtshakazi. Ndiyavuya ngenxa yokuba Wayenzayo loo nto, ngokuhlwanje. Kwaye simelwe kukuba sithethe inyaniso, ukuba singabaKhe, size sisuse ihlabathi. Amen!

99 Wonke umntu wayemelwe kukujongana naloo nto, onoxanduva phambi koThixo. Sithabatha nje, ngokomzekelo, uNowa. Wayenalo. UNowa, uMoses, u-Elija, nabo bonke—bonke abangabanye, kwisigaba ngasinye sexesha, kwanyanzeleka ukuba bajongane noxanduva. Kwaye kwakunyanzelekile ukuba benze njalo, kodwa naso isizathu sokuba babe bathunyelwa ngelo lixa.

100 Khangela kuNowa kweso sigaba sakhe senzululwazi, indlela ekwakumele ukuba ajongane ngayo nento eyayingeyoyenzululwazi kangako. Kuba, kwakungekho si—si—sizathu sokuba ibe yayingenakuba ngokwenzululwazi . . . 'Yabona, ya—yayingekho ngokwenzululwazi, gxebe. Kuba, bathi izakuna iphuma esibhakabhakeni. Babengazange bafumane mvula iwa iphuma emazulwini, ngoku, kwanyanzeleka ukuba ajongane naloo nto. UThixo wathi izakuna. Waze ngoko yena . . .

101 Ngoko ukholo ngaphandle kwemisebenzi lufile; ukuba uthi, "Ndiyakholwa yiloo nto," uze ungenzi senzo. Kanye njengoMyalezo, ukuba uthi, "Ndiyawukholelwa," uze ungenzi senzo, oko kunceda ntoni? 'Yabona? UNowa waqalisa ukusebenza ngehamile yakhe wakha umkhombe, ukungqina into awayethetha ngayo. Nantso into esimelwe kukuyenza, nathi. Simelwe kukuqalisa ukusebenza siqondakalise ukholo lwethu, ngemisebenzi yethu. Imisebenzi yethu iqondakalisa ukholo lwethu.

102 UMoses kwanyanzeleka ukuba enze loo nto, no-Eliya kwanyanzeleka ukuba ayenze. Wonke umprofeti kwisigaba sakhe kwanyanzeleka ukuba eme ajongane nolu xanduva. Kodwa abaninzi babo abazange benze njengoYona. Wabaleka; bona benza.

103 Qaphela, "Memeza ngokuchasene nayo." Owu, bethu! Nantso ke. Nantso ingongoma, "Memeza ngokuchasene nayo." Nantso indawo ekujongwe yona.

Yiya nje apho uxelele abo bafo, "Nithi, ndiyehla ukuya kuhlangana nani bafo. Uyazi, ndiyakholwa ukuba ndiyakunixelela into endiyakuyenza. Ndinento nje encinane apha endikholelwa ukuba ndingayenza i . . . isihlanganise sonke, senze *oku, okuya,* okanye *okunye*."

Kodwa, yayingu, “Memeza ngokuchasene nayo,” xa umelwe kukumemeza ngokuchasene nento. Ngoku, kwanyanzeleka ukuba amemeze ngokuchasene nayo yonke into eyayilapho ezantsi; amemeze ngokuchasene nesixeko, amemeze ngokuchasene nomsebenzi wabo, amemeze ngokuchasene nenkonzo yabo, amemeze ngokuchasene nabaprofeti babo, amemeze ngokuchasene nabefundisi babo, amemeze ngokuchasene nababingeleli babo. “Memeza ngokuchasene nayo, loo nto iyonke! Memeza ngokuchaseneyo!”

104 UNowa wamemeza ngokuchasene nesigaba sexesha lakhe. Ngokuqinisekileyo, wenza njalo, ngokuchasene namabandla esigaba sexesha lakhe.

UMoses ngokuchaneke mpela wamemeza ngokuchasene ne—nesakhe isigaba sexesha; abantu, ababingeleli, njalo njalo. Wamemeza yonke loo ndlela yokuphumela entlango. Nakuko konke ukuphambana kweendlela, wamemeza, ememeza ngokuthe gqolo ebantwini.

U-Eliya wayengongadumanga mpela ngomhla wakhe, ngokuba wamemeza ngokuchasene neso sigaba sexesha. Ngokuqinisekileyo wayenjalo.

105 UYohane umBhaptizi wayengadumanga ngokukhulu kwisigaba sakhe. Wamemeza ngokuchasene nesigaba sexesha lakhe. Wathi kukumkani, umlawuli we—welo lizwe; wa—watsho, watshata inkosikazi yomntakwabo. Kwafuneka ukuba eshumayele ngomtshato noqhawulo-mtshato, ngenye intsasa. Ngoko wamemeza ngokuchasene naloo nto, wathi, “Akukho mthethweni kuwe ukuba umthabathe.” Loo nto yamdla, intloko yakhe ukuba inqunyulwe, emva kwexesha, kodwa wamemeza waze wema kwisigxina sakhe somsebenzi.

Akazange athabathe nqanawa iya eTarshishe, aze athi, “Kulungile, ndiyakuvumelana nawe, Herode. Ilungile loo nto. Okoko nje ucinga ukuba ungumfazi othandekayo, uyakuba yinkosikazi ethandekayo, qhubela phambili.” Owu, yiba nenceba. Ezi fayidukhwe, uyabona, ewe, yonke nje into encinane . . . Kuba, kuba, akukho ziyiyo zezokuba kucocwe nje iipleyiti ezingcolileyo ngazo.

106 Kodwa, qaphela, uYohane wayengenjalongo. Wajongana nayo kanye. Wathi, “Akukho mthethweni kuwe ukumthabatha.” Ewe, mhlekazi. Kwaye wema ngokuchasene naloo nto.

107 Abazange babaleke. UYohane akazange. Bema bajongana neenyaniso. UMoses wazama ukubaleka, ngaxesha lithile, njengoYona, kodwa uThixo wambuyisa. Abaninzi babo bazama ukubaleka kuloo nto; babeqalisa . . .

Kodwa, khangela, ukuba uThixo ukubizile, ube uqinisekile ukuba uThixo ukuwo uMyalezo, akukho nto iyakukujika. Ayizange imjike uYona. Hayi, mhlekazi.

108 U-Amos wakudala, wamemeza, wathi, "Ingonyama igqumile, ngubani na ongayi koyika? UThixo ethethile, ngubani na ongayi kuprofeta?" Ngubani ongayi kuprofeta, xa ubona uThixo ethetha athi into ethile iyakwenzeka, ibe yiyo leyo?

109 Ingonyama iyagquma, wonke umntu uyoyika, ewe, mhlekazi, ukuba wakhe wayiva igquma ehlathini. Ungaziva ezi zitswina zijikeleza kwezo hoko apha phandle, ezi ngonyama zithambileyo, kodwa ukuba ungeva eyenene, eyaphaya phandle igquma kube kanye. Amatye amancinane ayakuwa esihla endulini, ikwiyadi ezingamashumi amahlanu ukuba kude. Ndifuna ukubona ukuba ukugragrama kuvela phi na konke kuloo miphunga. Yaye iyijongisa phantsi intloko yayo, imise oba boya; andizange ndive nantoni na . . . Injenge—ingengenkanunu idubula, xa igragrama loo mgquba mkhulu emiphungeni yayo. Ngubani ongenakoyika?

Bathi, ukuba ukhe wabulawa yingonyama, awuva buhlungu. Ikothusa ufe ngaphambi kokuba ikufumane. 'Yabona, awuyiqapheli loo nto. Ikothusa ngokokugquma kukhulu kundlongo-ndlongo, ibe yiyo leyo ngomzuzwana okhawulezileyo.

110 Wathi, "Ingonyama igqumile, ngubani na ongayi koyika? NoThixo ethethile, ngubani na ongayi kuprofeta?" Xa ubona uThixo esenza into ethile, uthi . . . Ndisenokungabi nguye umprofeti . . . " UYona wathi . . . "Ndisenokuba ngabi nguye umprofeti, okanye unyana womprofeti. Kodwa uThixo uthethile, ngubani na ongayi kuprofeta?"

111 Ndisenokungabi ngumprofeti, ndisenokungabi *koku*, *okuya,* okanye *okunye*. Xa ndibona uThixo esenza nantoni na, ndize ndiyibone apho eLizwini, abe Wayeyithembisile, ngubani onokuthula azole? Ngokuqinisekileyo, Ukwenzile oko.

112 Asinako kananjalo ukuzimela emva kwemigaqo nazo zonke ezi zinto zilapha zobudlelane, nasezantsi ekuyeni—ekuyeni eTarshishe. Asifuni kuhamba nobudlelane obunjalo.

113 Kodwa abaninzi, njengo-Adam, benza kwaloo nto, bazama ukuthabatha into esisibambelo ngandlela ithile, bazame ukufumanisa indlela yokuphuma, be—benze isibambiso, ukuze bajongane noThixo. Emveni kokwazi, kokungalunganga, bajongane neNyaniso, wahamba nenkosikazi yakhe wenza kanye oko uThixo wayemxelele ukuba makangakwenzi. Waqhubela phambili kanye wakwenza, nakanjani na. Waze ngoko wazifumana eze, ingumfazi naye, bobabini, emyezweni wase-Eden. Amehlo abo avuleka. Bazi ukuba yayikokuphi na okulungileyo nokungalunganga, ngoko. Waze ngoko wazama ukufumana isibambiso, ukuze abe nokuzigquma ngaso.

Ngoku, loo nto ifana kanye nale ndlela siyiyo namhlanje, ukuzithethelela, uthi, "Ke, Ndiyakuxelela, ukuba *bekulapha*, okanye ukuba *oku*." Okanye, "ukuba, ukuba, ukuba," oko nje . . . 'Yabona? Kodwa unyanzelekile ukuba ujongane nayo.

Kuphakathi kokuba ibe yelungileyo okanye engalunganga. Kwaye ukuba ilungile, masihlale ngakuyo. Ukuba ayilunganga, mnka kuyo. Fumana into . . . Fumana oko kukokulungileyo. Awumelwe kuba salinda elinye ithuba. Masifumanise ngoku oko kuyiNyaniso noko kulungileyo, sihlale nako. Siyazi ukuba yinyaniso leya.

114 Ngoku, sifumanisa ukuba namhlanje abantu banje . . . Kukhangeleka ngathi konke ukunyaniseka kuphume kwemnka emabandleni. Ndi . . . Kwi . . .

115 Sihlala kwindlu phaya yodade othandekayo ohamba kule nkonzo. Uhleli apha ngokuqinisekileyo ngokuhlwanje. Kwaye uqeshisa ngalo ku . . . ebantwini. Kwaye ube nobubele nje kuthi malunga nalaa ndawo, malunga nokusivumela sifumane laa ndawo. Ke ngoko bendinokulibiza igama lakhe, kodwa usenokungafuni ukuba ndenze njalo. Kwaye ube nobubele kangako kuthi, ke, besingekhe—besingekhe sifune kumdiza. Kodwa ube ngolungileyo, umfazi olunge kakhulu. Kwaye apho endlwini, bekukho umabonwa-kude ngaphaya kwelinye icala. Safumana encinane, esisibini, emagumbi mabini.

Ndinosapho olukhulu, neqela labatsha, kwaye si . . . kwaye u—uyazi, kwaye kunyanzeleke ukuba bafumane iibhedi zibe ninzi kananjalo. Yaze yonke into yafumba apho ngaphezulu, uze unyanzeleke ukuba uphumele ku*le* uphumele naku*leya*, ukuze ungene uphinde uphume.

116 Waze wathi ngoko ngaphaya babe benomabonwakude. Kuloo mabonwakude, aba bantwana babukela, ngentsasa yeCawe, uhlobo oluthile lokuculwa kweculo olwathi lwathi gqi. Kwaye, uyazi, i—indenze ndaphantsa ukuba neentloni; ukuba kwakhe akwabikho Bukristu benene kwindawo ethile onokubeka kubo izandla zakho, ukubona into ebizwa ngokuba buBukristu. Kuba, kukhangeleka ngathi konke ukunyaniseka kuphumile kuloo nto. Kuba, abenzi, ababonakali ngathi . . . Kuba, imanyumnyezi nje indlela abaye beme ngayo apho bakhuphe amanqindi abo balwe omnye nomnye, apho, bezama ukucula amaculo nayo yonke enye into enjalo; baze benze iziqhulo ekunokuba nzima ukuba umatiloshe azenze, bathethe zonke iintlobo zezinto, beqhula bebheka phambili. Uyazi, ubungcwele bo—bo—boBukristu kukhangeleka ngathi bulahlekwe yindawo yabo.

117 Ngoku, ndiya enkonzweni ndi—ndibone umlungiseleli ephakama apho azise ukuba ku—kuyakubakho umngcelele wokudada. Bonke abafazi bekwezi suti zokudada, bayaphuma bonke baya apho. Baza kuba nokhuphiswano; aba bafazi, bedada. Kwaye bazakuba ne—nepati yohlobo oluthile, baze bazame ukugcada into eninzi yenkukhu, badlale umdlalo i bunco, na—nazo zonke izinto ezinjengezo. Kum, oko kususa ukunyaniseka kwenene koBukristu; ukuhamba nje nayo nantoni na.

118 Ndabona, kuvela apha, sifumanisa ukuba . . . Uyazi, sifumanisa oodade bethu abaninzi ngakumbi benxiba iibhulukhwe ezimfutshane, apha phezulu kwesi sixeko sibandayo, kunokuba ubafumana phaya ngaphandle kwiphandle elishushu. 'Yabona, yinyaniso leyo. Phaya ngaphandle apho kushushu ngenene, ababaninzanga kubo abazinxibayo. Kodwa apha, apho—apho kubandayo, ba—bayakwenza oko. 'Yabona, kukuthi, abaqondi ukuba ngumtyholi lo wenza loo nto. 'Yabona? Ngoku, ukuba ibiyinto ekuphatha kakuhle, ukuba ibiyinto yokuzinceda, ngekwahlukile. Iyindoda, ndicinga ukuba ikhangeleka iyegulisayo kwindoda, kodwa—kodwa ninga—aninakuyihoya indoda. Kodwa, inenekazi, u—umzimba walo ungcwele, kwaye limelwe kukuwugcina ulolo hlobo. Ukubona eli dala . . .

119 Ungababona, abantu namhlanje. Mibini imimoya ekhoyo. Kwaye omnye wawo nguMoya oyiNgcwele; omnye wawo ngumoya ongengcwele, kwaye umntu ulawulwa yiloo nto. Iyomibini iyeyenkolo. Ngoku, ewe, nantso indawo engaqhelekanga, iyomibini iyeyenkolo. Kwaye kanye njengokuba babenjalo ku-Esawu noYakobi, bobabini bengabenkolo; njengokuba wayenjalo uKayin no-Abheli, bobabini bengabakholwayo; njengokuba babenjalo uYuda noYesu, bobabini bengabenkolo, bengabakholwayo. Kwaye siyakubona oko namhlanje, macala omabini, ngabenkolo. 'Yabona, isekwanguloo moya mnye. Abantu bayafa, kodwa umoya awufi. Uqhubela phambili, yomibini iyeyenkolo.

Omnye kubo uzaliswe nguMoya oyiNgcwele, ophila uhlobo lobomi abamelwe kukuluphila, uhambe ngokuhlonela uThixo nangokunyaniseka. Abanakuze bakuqhathe nangepeni, kwaye ba—bayakwenza yonke into enyanisekileyo abanokuyenza, ukukunceda. Baze abanye benze njalo . . . Belunge kanye kangoko benokuba nako.

Abanye ke, sifumanisa ukuba, basisichasi nje. Kwaye, nangoko, bebobabini banemimoya yenkolo, imibini; omnye, uMoya oyiNgcwele; omnye ke, ngumoya ongengcwele. Kwaye ukuba uyaqaphela, uyakuthi, nakubeni bebanga ukuba ngabenkolo, bayakuhlekisa ngawe bakubize ngokuba ungumqengqeleki ongcwele. Benza nantoni na abanokuyenza.

120 Bona, ngokutshikilela i—iLizwi likaThixo elingaguquguqukiyo, ngokungathi Alizange libe libhaliwe.

'Yabona, ungathi, "Ngoku, khangela apha, ukuba—ukuba ubhaptizo . . . "

"NdinoMoya oyiNgcwele!"

"Uze ume apho uphethe umdiza esandleni, uwutshaye?"

“Ewe, ndinoMoya oyiNgcwele! Andicingi ukuba yinto engalunganga ukuthi kraqa. Andicingi ukuba ku. . . ” ’Yabona?

Kwaye ukhe waqaphela, “Andicingi”? kodwa uThixo ucinga ngokwahlukileyo, uyabona, ngokweLizwi laKhe. ’Yabona? ’Yabona, bona. . . Kwaye bona—bona bathatha nje ngokulula njengo—njengokuLitshicela. Injalo kanye loo nto.

121 Kanye njengokuba lo mfo wakudala mncinane warhuquluzayo ngaxesha lithile, xa uDavide wayekhutshelwa ngaphandle etroneni yakhe. Wayenyuka iNtaba yeMinquma, ephuma, elila ekuhambeni kwakhe, ekhangele ngasemva. Waze lo mfo wakudala mncinane warhuquluza waphumela apho phandle wabe emtshicela. Waze loo mlindi, “Ndingavumela i. . . laa ntloko yenja ihlale phezu kwakhe, ize itshicele ukumkani wam?”

UDavide wathi, “Myeke.” ’Yabona, bamtshicela.

122 Malunga namakhulu asibhozo eminyaka emva koko, batshicela uNyana wakhe, uYesu Kristu, ngokunjalo.

Kwaye namhlanje bayaMtshicela kwakhona, ngokungathi ukuba beLithe nje. . . Ngokungabi nantlonipho, ngokukhathali, bajika nje intloko yabo bemnke kuLo, bakuhleke ezitumeni. Kutheni kunjalo nje? Bakwinqanawa eziya eTarshishe. Oko kunjalo kanye.

Oku kubizela kuThixo, umelwe kukumemeza ngokuchasene naboni, umemeze ngokuchasene nesono, umemeze ngokuchasene nezinto ezingalunganga. Ngoku, khumbula, kuyakuba njalo.

Heyi, uyazi, ngeli xesha. Uyazi, ndikumahluko ngeeyure ezimbini. Kwaye eTuscon kumalunga nje nemizuzu elishumi emva kweyesixhenxe, kwaye—kwaye ndibu—ndibuphuma kwindawo yam apha. Heh? Kulungile.

123 Ngoku khumbula, siza kuba nempendulo yaloo nto. Khumbula, apho batshicela kuKristu bayakuphendula ngaloo nto.

Xa uDavide wabuyayo elubhacweni lwakhe, xa wayesisibhadu-bhadu, waze wathi akubuya, khumbula, loo mfo wawa ezinyaweni zakhe wakhalela ukwenzelwa inceba. Bamtshicela uDavide, ekuphumeni kwakhe, kodwa wayesele elungele nokuhlamba iinyawo zakhe ngeenyembezi, ke, ekubuyeni kwakhe.

Kwaye ngenye imini abo bamhlabayo uYesu bayakuyibona loo nto.

Ke abo baMhlabayo namhlanje bayakuyibona, nabo. Bona, ngenye imini, oko kuyakubuya. Khumbula, kwiZityhilelo 22, Unyanzelisa ukuba sigcine lonke iLizwi Awalibhalayo; lonke iLizwi.

124 Ngoku siyazi ukuba uBukho baKhe bulapha. Bungqinelwe. Sinabo. Siyathemba, kule veki izayo, buyakuqhubela phambili ukungqinelwa phakathi kwethu; abagulayo bayakuphiliswa, nezinto ezinkulu ziyakwenzeka.

Asifuni mbono iyedumileyo. Sifuna iNyaniso. Kwaye asifuni, si (funa) asifu ku—asifuni kujongana nanto iyenye koko noko uThixo athe kuyiNyaniso. Kodwa, "Qiniseka ukuba izono zakho ziyakuhlala zikufumana." Ukuba azenzenga njalo apha, ziyakukufumana eMgwebeni. Ngoko u—u . . . Ziyakukufumana ndaweni ithile, ngoku. Ewe, mhlekazi.

125 Kodwa ukuba unguMkristu wenene, obizwe ngenene njengokuba wayenjalo uYona, uThixo sele eluhlawulele uhambo lwakho. Yihla kuloo nqanawa iya eTarshishe, nakanjani na. UThixo wakumisela ngenxa engaphambili kobu bomi. Ewe, mhlekazi. Ukuba ungonyanisekileyo, umntwana obiziweyo kaThixo, yiza kuKristu. Ngena kwinzaliseko yaKhe. Indlela yakho ihlawulelwe ukuya kuma phi? Ihlawulelwe ukuya kuma eNineve, hayi eTarshishe. Umiselwe ngenxa engaphambili. Inqanawa yakho . . . Ikho inqanawa ephumayo khona ngoku, isendleleni. Ngoko inye kuphela onokuyena, kukukhwela. Kwaye ukuba ubufana noThixo, awunakuze ufumane xolo . . .

126 Njengomtshanana wam, kumzuzu odlulileyo. Malunga neminyaka elishumi ngoku, uhambe iindawo zonke. Ngentsasa ethile wayesiya kule nkonzo, kule nkonzo yamaKatolika ilapha ezantsi, aze athabathe oku kuba utata ongcwele othile wayethetha ngako ngapha, aze athabathe okunye *kweli*, nokunye *kweliya*. Iphelela phi yonke loo nto? 'Yabona? Ke ngoku usalambile enxaniwe. Ndathi, "Indawo yakho isesibingelelweni phaya ezantsi, nyana." 'Yabona?

Akukho ndlela yakuphuma kuloo nto. Xa uThixo ekhe wakusukela, usenokukhe nje uncame uhambe. Kuphelele apho.

127 Khumbula, uThixo! Ke, uThixo wayekuloo mkhombe. UThixo wayekwisitshingitshane. UThixo wayengaphakathi kuloo ntlanzi. Naphi na apho wayejikela khona, uThixo wayelapho.

'Yabona, uThixo ukho, kwaye oko kuyakuhlala kukuhlupha nje. Ngoku kutheni sisalinde elinye ithuba elide nje? Masiyiqalise nje le mvuselelo ngokukuko. Kulungile! Nilindele ntoni? Siyakholwa ukuba ukuBuya kweNkosi kusondele, kwaye Iyakuba noMtshakazi, kwaye seYilungile. Kwaye asifuni ziinqanawa ziya eTarshishe. Siya eNineve. Siya eBuqaqawulini. Amen. Injalo loo nto. Siya apho uThixo ayakusikelela khona, kwaye yiloo nto esifuna ukuyenza.

128 Hlalani nje Phambi koThixo, ngoko, neentliziyo zethu; hayi izandla zethu, kangako, koko iintliziyo zethu ziphambi

koThixo, ade Asinike isongo, ndawo yonke, ngolo hlobo, ngemitha yobuqaqawuli baKhe; abhakele ngaphakathi kuthi okwaKhe—ukulunga kwaKhe, avuthiswe oko sinako, ekufaka kokuyinene, 'yabona, kufikelele apho sinokubonisa khona abanye ukuba uYesu Kristu uyaphila. Owu, bethu! Sifuna ukukholelwa loo nto.

129 Kwaye khumbula, apho uYona waya khona, uThixo wayekuloo nqanawe; uThixo wayekwisitshingitshane; uThixo wayesentlanzini. Wahamba kanye ekunye noYona yade intando yaKhe yabe yenziwe. Injalo loo nto.

Kwaye ukuba ukhe Wakulandela, usenokuzimela *ngapha*, uzimele *ngaphaya*, kodwa uyakuhlupheka ubuhlungu ude ubuye wenze into obuyiqalile ukuMenzela ekuqalekeni. 'Yabona? Musa ukuhamba, ubaleka eBusweni bukaThixo. Jongana naloo nto. Uyakholwa ukuba yiNyaniso, ngoko vumela . . . Ukuba yiNyaniso, imelwe kukuphilelwa, ifelwe, nantoni na eyenye. Kwaye ukuba wakhe Wayingqinela kuwe, yiNyaniso leyo, ngoko asinako ukubaleka kuyo, naphi na. Uyakubalapho kanye, ngokufanayo. Awunakuyenza loo nto.

130 Ngomprofeti waKhe obonelelweyo, Lowo wamiselwa ukuhla aye apho aphalaze loo myalezo. Ngoku, kwakhangeleka ngathi ngeWayethume omnye umprofeti, kodwa Wanyula uYona; kwaye no-Eliya ngewayengakwenzanga oko; uYeremiya ngewayengakwenzanga oko; uMoses ngewayengakwenzanga. YayinguYona owayemelwe kukuya eNineve. Yiloo nto kuphela ekwakuyiyo. Wamyalela wamxelela ukuba aye. Kwaye Athi, "Yiya phaya, Yona, yiva eNineve," akukho mntu ungomnye unokuya kwenza loo nto koko nguYona.

Kwaye xa uThixo ekuxelela into ethile, umelwe kukuyenza; akukho mntu ungomnye. 'Yabona, simelwe nje kukujongana naloo nto, yaye, siyokuyenza.

131 Siyakholwa ukuba siphila kwiyure apho uThixo enza into ethile khona. Siyakholwa ukuba siphila phakathi kwabo bantu ngoku. Ndiyakholwa ukuba ngokuhlwanje ndishumayela kwelo bandla li—lihleliyo, lilinde phaya phandle ukuba livuthwe. Ndi—Ndiyikholelwa ngenene loo nto, ngentliziyo yam yonke. Ndingathi kuyinto enye ngoku kunokuba bekuhleli kunjalo.

132 Ngoku, siyakholwa ukuba iyure iyeza apho uYohane oNgcwele 14:12 amelwe kukuzaliseka khona. Thina, sikholwa ukuba uMalaki 4 umelwe kukuzaliseka. Sikholwa ukuba uLuka 17:30 umelwe kukuzaliseka. Siyakholwa yiloo nto, zonke ezi ziprofeto Wathi ziyakwenzeka ngaloo mhla. Siyakholwa ukuba zimelwe kukuzaliseka, kwaye siyakholwa ukuba sizibona zizaliseka kanye ngoku. Injalo kanye loo nto.

133 Pheza ukubaleka. Musa ukuphuma kuBukho baKhe; hamba nje ungene kuBukho baKhe. Injalo loo nto. Kwaye ndiyazi ukuba yiloo nto oyinqwenelayo. Kuba, ndizibonile iimvume eziphuma eTexas, eziphuma eLouisiana, nakuyo yonke indawo. Nantso into esizele yona apha, asikokubaleka eBusweni baKhe, koko kukubalekela eBusweni baKhe.

Buyani, phumani kwi . . . [Yindawo esisikhewu le ekhasethini—Mhl.] . . . wayekho uYona, ukuba kuyingxaki ukuba mawuye ngaphi na okanye wenze ntoni na, khwela, ngena kwinqanawe kunye nathi ngokuhlwanje. Siyehla siya eTarshishe, ukuya kumemeza . . . okanye eNineve, ukuya kumemeza. Siyayiyeka laa nqanawa yaseTarshishe ihambe ihle ukuba bafuna ukwenza njalo. Sinomsebenzi phambi koThixo, lowo, nguMyalezo esinoxanduva lwawo.

134 Ngoko kule veki izayo, sisandulela nje esincinane ngokuhlwanje, ukunazisa. Xa ndimemeza, ndinoxanduva ngokupheleleyo loMyalezo, bazalwana. Nina balungiseleli nihleli apha, andizanga apha kuza kunenza buhlungu. Nani bafazi namadoda, kule ngongoma yomtshato noqhawulo-mtshato izayo, ndifuna ukuba nikhumbule ngokuhlwanje. Ndikuthethe konke oku, ukuze ndizise oku kuni, kokuba ndinoxanduva kuphela kuThixo.

Kwaye ngoko, kwakhona, ndinoxanduva kuni, ukuba ndinixelele iNyaniso. Kwaye andizi kunixelela enye into ingeyiyo iNyaniso, okoko nje uThixo endazisa ukuba yintoni na eyiNyaniso. Ndingekayazi iNyaniso, akukho nto ndiyakuyithetha malunga noko, 'yabona, akukho nto ndiyakuyithetha malulnga nako. Kodwa ndiyakholwa ukuba uThixo uyandibonisa iNyaniso ngo *Mtshato Noqhawulo-mtshato,* kwaye ndiyathemba ukuba Uyakwenza ukuba ndiyikhuphe.

135 Kwaye eminye iMiyalezo endiyakuba nayo kule veki, yile, *Ngubani Na Lo Melkitsedeke? Unyule Ukulibeka Phi Na Igama Lakhe UThixo?* nezimbalwa zezo zinto zinjalo, eziMiyalezo ezayo, no*Kulunywa.* Nezinto ezimbalwa, e—ezingolo hlobo, nokubonisa kwi*Ndoda Enyula Inkosikazi Yayo*. Nezinto ezimbalwa, zeMiyalezo, endifuna ukuyizisa kule veki. Kodwa ndifuna nje ukuba ibandla . . .

136 Ke, ukuba kuyakubakho umlungiseleli apha; ndibe ndingekho, bazalwana bam . . . Andifuni ukuba nithi, okanye abanye bamalungu enu, ubuyele kwibandla, uthi, "UMzalwana uBranham uthethe *kanje* naka*nje*."

Ndibotshwe luxanduva kuMyalezo othe wanikelwa kum uvela kuThixo Onamandla onke. Kwaye ndimi apha ngokuhlwanje, yaye uThixo uyazi ukuba yinyaniso leyo, ukuba kanye phaya ezantsi phezu kwalo mlambo . . . Kukho abantu, mhlawumbi, abahleli apha, xa laa Ngelosi yeNkosi yehlayo

apho yandixelela oko Yakuthethayo, kanye apha ngo 1933, kanye apha ezantsi kwesi Sitrato iSpring. Ukuba ungumhambi apha, maze uqhube uhle kanye. Kusekoneni yeSitrato iSpring, apho uhlangana khona umlambo, kulapho apho kwenzeka khona. Ngoko kwakungo 1933. Eneneni kumalunga namashumi amathathu anesibini eminyaka eyadlulayo, ngoko. Owu, kukumashumi amathathu-. . . kukumashumi amathathu-. . . kumashumi amathathu anesibini eminyaka eyadlulayo, kumashumi amabini anesithathu eminyaka eyadlulayo.

Indlela Awathi ngayo wehlisa oko, yonke into. Kwaye sithe saphuma, sisizisa uMyalezo, sabona abagulayo bephiliswa, iimfama, iziqhwala, imilwelwe, nabangakwazi ukuhamba, nayo yonke into. Saze sabona nabafileyo, esaziyo ukuba baye baqinisekiswa, bevuswa kwabafileyo. Abantu bafa, baphinda bavuselwa ebomini kwakhona, nazo zonke ezi zinto. Ukuba uMyalezo uthe waphuma, kukho imiqondiso nezimanga!

137 Yaye nisayibona loo ngcinga yakudala nithe neza nayo? Eyayingaveli kuThixo. UThixo akameli nje ukuba enze. . .

UThixo uzama ukutsalela umdla wenu kwiNto ethile.

138 Ke ngoko xa uYesu waphumayo, Waqala ngokuphilisa abagulayo, esenza imisebenzi emikhulu nezinto ezinjalo. Yena, njalo, Yena. . . UYesu wenza njalo. NoMoses noYesu bayenza loo nto, nabo bebonke abanye. Kwaye xa Yena wayelapha, Wenza loo nto.

Yaye Uyayenza, kwaloo nto namhlanje. Xa Athumela esenzela inkonzo elolo hlobo, iimvuselelo, eqalisa inkonzo emhlabeni, aqalise ukuhamba-hamba nale miqondiso mikhulu nezimanga. Uze ngoko ubone, kubuye, laa ngcinga indala yemfundiso, kukho—kukho into engalunganga apho ndaweni ithile. Kukho into entsha evelayo! Xa uYesu waphumayo emva, ngoko. . .

139 "WayenguRabi olungileyo." Wayenokuya epulpitini ashumayele naphi na Wayephilisa khona abagulayo. Xa, owu, bakuthanda ukuba naYe ngapho.

Kodwa ngenye imini wathi Akuhlala phantsi, wathi, "Mna noBawo siBanye," mzalwana, Akazange adume emva koko. Xa Wathi, "Ningathanga niyidle inyama yaM, nilisele iGazi laM, aninaBomi kuni. Koko lowo uyidlayo inyama yaM, asele iGazi laM, unoBomi obunguNaphakade; ndaye Ndiyakumvusa ngomhla wokugqibela." Ngoko, Wayengadumanga ukusukela ngoko.

140 Bathi, "Le Ndoda iligongqongqo. Le Ndoda inguBhelezabhule. Nantso indlela Azenza ngayo ezi zinto. Uyakwazi ukuchaza okuzayo. Ukhangele e—ezingqondweni zabo waziqonda iingcinga zabo. Ungumvumisi."

Kodwa yayiyintoni, Wa—WayeliLizwi likaThixo libonakalaliselwe elo lixa. Kwaye Wayebotshwe ngumsebenzi. Wathi, “Ndenza oko kukholisa uBawo waM njalo.” UThixo makasincede senze kwaloo nto, senze oko kukholisa uBawo.

141 Kwaye ndiyathemba ukuba bonke bayakuqonda. Ukuba uvumelana nam kule Miyalezo nezinto ezinjalo, uze ukhumbule, ube nayo oku kwale mbeko, yokuba ndinoxanduva, andiyi Tarshishe. Ndikwindlela eya eNineve, kwaye ndi—ndiyamemeza. INkosi inisikelele.

Masithobe iintloko zethu okomzuzwana nje.

142 Sekubetha icala leyethoba. Andifuni kunibambezela, kodwa ukufumanisa ukuba ndinganakho na, ngokuhlwanje. Ukuba kukho abathile apha a—abangaqinisekanga nje ukuba nimelwe kukuba phi na kuKristu, kodwa u—ungafuna ukuba kuye, ube unqwenela ukuba njalo, ungasiphakamisa nje isandla sakho, uthi, “Mzalwana Branham, ndithandazele?” UThixo akusikelele, khangela nje izandla. “Ndi—ndifuna . . . Ndilapha, Mzalwana Branham, ukuza kusondela kuThixo.”

Kwaye ukuba intloko yakho iyaphakanyiswa, i—isandla sam siphakamile, naso. Nantso into endizele yona. Ndilambile, njengokuba unjalo.

143 Kodwa, owu, ngenye imini, kwenzeka enye yezona zinto zakhe zalunga, kwaye ndi—ndiyazi ngoku ukuba mandenze ntoni na. Yaye ndi—ndiyathandaza ukuba uThixo abe nokukunika ukuqonda okucacileyo. Kukhona. Yi . . . Ukuba kukho umbuzo engqondweni yakho, imelwe kukubakho impendulo kwindawo ethile, ukuze iphendule kuloo mbuzo. Umthandazo wam, kukuba, uThixo awubone loo mbuzo awuphendule ngeli xesha.

144 Ukuba uyagula, wanga uThixo angakuphilisa. Sizakuba nenkonzo yempiliso, ndiyaqonda, ngeliphandle ubusuku ngabunye, kwaye siyakuthandazela abagulayo. Siyakwenza nantoni na esinokuba nokuyenza ukukunceda, nawe wenze yonke onokuyenza ukusinceda. Kwaye siyakusebenza kunye, sithemba kuThixo ukuba uyakusinika inkonzo enkulu.

145 Ngoku, Bawo Thixo, la mazwi ambalwa mancinane anqunyulweyo, kodwa asezandleni zaKho ngoku. Nkosi, athethiwe. Ndiyakuhlangana nawo. Kanye njengokuba . . . La mazwi akanakuze afe; ayajikeleza ejikeleza umhlaba, egciniwe, kwaye ngenye imini kuyakufuneka ndijongane nawo kanye kwakhona. Ndiyakuqonda oku, Nkosi, kwaye ndikuthetha ngokunzulu ngokunyaniseka.

146 Ndiyathandaza, Thixo othandekayo, ngokuhlwanje, ndithandazela mntu ngamnye kwaba, abantwana baKho.

Kwaye, Owu Thixo, ndiyathemba, phambi kokuba iphele iveki, ba—bayakuqonda; ukuba umbuzo, ongowona mkhulu ezingqondweni zabo ngokuhlwanje, uyakulungiswa. Siphe, Nkosi.

147 Kukho abathile apha abangaKwaziyo, Bawo, njengoMsindisi, okwangoku, okanye mhlawumbi abangazange bazaliswe ngoMoya oyiNgcwele. Yanga ingabobo busuku obu.

148 Nkosi, andinakuzalisa mntu ngaMoya uyiNgcwele; ndingenako nokusindisa mntu. Ndingabaxelela kuphela oko Wakuthethayo, "Banoyolo abo balambela banxanelwe ubulungisa, ngokuba bayakuhluthiswa bona." Kwaye ndiyathandaza, Thixo, ukuba Udale engako indlala ezintliziyweni zabo.

Abaninzi, Nkosi, bamelwe ukuba balambile; bangathini ukuqhuba la makhulu eemayile, bephumela emkhenkceni nakuyo yonke into, benqumla iintaba ezinemvula, banqumle iintlango, banqumle ukuza kwindawo encinane endala elapha ekoneni! Ngoko ndiyacinga kwakhona, Wena wathi, "Apho sukuba sikhona iSidumbu, ayakuhlanganisana khona amakhozi." Sondle, Nkosi, ngeMana eNgcwele yaKho. Yipha imiphefumlo yethu oko sikuswele ngenene. Sinxanelwe Wena, Bawo. Sisezandleni zaKho ngoku.

149 Makathi uMoya oyiNgcwele omkhulu owehla entabeni phaya ngenye imini, ndiyathandaza ukuba Anyakamise yonke intliziyo elapha ngokulunga kwaKhe nenceba, nokuqonda. Siyaqonda, Bawo, ukuba oko sikusweleyo, kukuqonda. Kuba ukuba asazi ukuba yintoni na esiyenzayo, ngoko sazi njani ukuba siyakuyenza njani na? Kodwa simelwe kukuqonda. Njengokuba uDaniyeli wathi, waba no"kuqonda ngeMibhalo yomprofeti uYeremiya." Yaye, Bawo, sinokuqonda ngeMibhalo yoMoya oyiNgcwele, njengokuba EyakuLityhila kuthi ngeli lixa. Siphe, Nkosi, iminqweno esiyifunayo kuWe. Sikucela ngokuthembekileyo oku, Bawo, sisenzela uzuko lwaKho, eGameni likaYesu Kristu.

150 Ngoku iintloko zethu zithotyiwe. Njengoko udade esenza isingqi ngoko, "Uyakundinika ubabalo nobuqaqawuli, ahambe nam yonke indlela." Ndifuna ukuba uthandaze nje ngokuzolileyo ngoku ucele uBawo waseZulwini ukuba akuphe, ngokuhlwanje, oko ukusweleyo.

151 Mzalwana othandekayo, dade othandekayo, Ukufutshane nje njengokuba ingalo yakho injalo kuwe. Wena, ukholiwe kum nga—ngamanye amazwi, ukholiwe kum yile nto. Ulapha ukuze akunike nantoni na oyisweleyo.

152 Owu, kwezi veki zimbalwa zidlulileyo bendilambe kakhulu, ndinxanwe kangako, ndikhumbula ekhaya kakhulu, ukuze ndinibone. Naso isizathu sokuba ndibe ndithe, "Billy, masigoduke."

UMeda wathi, “Ufuna ukubuyela phaya ngoba, kwela lizwe lakudala libandayo kwakhona, Bill? Uhlala uba nomqala obuhlungu nayo yonke into. Uyaphuma njalo, ube nengqele entloko, ube sisitshotho, kuze kube nzima kuwe ukuthetha.”

153 Ndathi, “Ke, andazi.” Ndathi kuye . . . Ndibona umhlobo wam, uCharlie Cox, ehleli phaya emva. Ndathi, “Ndingxamele nje ukuva uCharlie esithi, ‘Laa nomatse wasemthini mncinane uqabele kulaa mthi ungaphaya.’ Ndilambela kakhulu ukuva loo nto.” Ndi—ndifuna nje u—ndifuna ukuba kufutshane kuni.

154 Ndiyazi ukuba uMzalwana wam uBanks ugule kakhulu. Ndaye ndabona umbono wakhe, apha kungekudala kwixesha elidlulileyo, wayengqengqe ngomqolo ke. Yaye ndiyazi ukuba usondele kakhulu ekumkeni kuthi, kwakutshanje. Xa ndijonga kwabahlukeneyo benu . . .

155 Ndangena ngobunye ubusuku, kwinkonzo yaMadoda angooSomashishini abangaMakristu, iyeyehlabathi jikelele. Omdala u“Pop” Shakarian, utata kaDemas, wayedla ngokuhlala apho ahlale nje ejongile ndide ndingene, aze ke ancume, yaye oko kuphakamisa kuncinane kwakusiphakamisela kum. Wayengasekho. Umnkile.

Ngoko ngobunye ubusuku ndandingene kolo sapho, no-ITSHO INKOSI, intombi yabo yayiya kufa, nayo. UFlorence, ndambona embonweni, ndambona ehamba. Ndandisazi ukuba wayehamba ke. Ndaze ndathi, “Thandazani, thandazani nje. Niyazi ukuba kukho . . . Umprofeti ngaxesha lithile waxelelwa ukuba aye kuxelela ukumkani ukuba alungise indlu yakhe. Waze wathandaza, waze Wabusindisa ubomi bakhe, ishumi elinesihlanu leminyaka.” Ndathi, “Thandazani.”

156 Kodwa, kukhangeleka, ndaze nda—ndabuya . . . Ndahlala ngapha kwivenkile yokudlela, ngenye imini, ndisidla. Kwakukho indoda eyeza kum, yathi, “Ingaba unguBilly Branham?”

Ndathi, “Ewe.”

157 Kuqondakala ukuba yayingandazi, kakade *ngale nto* ingaphaya kule ndawo ingenanwele entloko kum. Ndandinxibe esi siqwengana sincinane seenwele, ukuzigcina ekubeni nomqala obuhlungu ngale nkonzo.

Yaze yahamba yeza kum, yathi, “Bendicinga ukuba ndiyakwazi, Billy.”

Ndathi, “Ewe.” Ndathi, “Ungubani?”

Yathi, “NdinguJohn Warman.”

Ndathi, “Unjani uZip?”

Wathi, “Billy, wasweleka.” Hee!

158 Ndandisihla ndinqumla kwindlu yenkundla; ndisihla ukuya kuhlawula iirhafu zam. Ndinqumla kwindlu esenkundleni, laze inenekazi elithile landikhwaza, lathi, "Ubusazi ukuba uJohn akasekho?" Okanye, igama elithile. Isenokuba yayingengoJohn; u-Edd, okanye into elolo hlobo. Ndaze ndathi. . .Ndandingamazi lo mfazi. Ndaziva ndineentloni. Ndaze ndafumanisa ukuba, ndandingamazi ukuba yayingubani na.

Wathi, "Uyakhumbula ngobunye ubusuku obumnyama xa umlambo wawunyukele ngaphezu kwamanxweme apha ngaphandle, izindlu zisimnka, ngaphaya kwisitrato iChestnut, wabubeka emngciphekweni ubomi bakho ukhuphe umfazi nabantwana abancinane abathile?"

Ndathi, "Ingaba unguye?"

159 Lathi, "Ndi—ndim elo nenekazi." Laqala ukukhalela usana lwalo; niyalazi ibali lam. Lathi, "Ndingulowa wakhwaza 'usana lwam,' lutshatile lunosapho." 'Yabona? Yabe inguye lo, emdala engwevu; nam ndimlo, ngokunjalo.

160 Ngabanye ngabanye, amakhadi ethu ayaphuma kwindawo yokuxhoma, njengokuba kwakunjalo. Njengokuba sineenkonzo, ndilahlekwa *ngulo*, ndilahlekwe ngu*lowa*. Sonke simelwe kukuthi silahleke, ngolunye lwezi ntsuku.

Kodwa, mzalwana, dade, ikho iNdawo yokuhlangana. Masiqiniseke ngoko ukuba silungile. Ingaba uyakwenza njalo? Singavumeli konke ukuqonda kwethu uThixo, njalo njalo, kuhambe ngelize. Masikholwe.

161 Bawo, basezandleni zaKho. Ndisezandleni zaKho, Nkosi. Silapha nje ekuzinikezeleni ngoku, ngaphambi kwenkonzo eqala ngokuhlwa ngomso. Ungasinceda na Wena, Nkosi? Kwanga okwethu—ukuthetha kwethu kungathi rhoqo kungaWe! Zanga iintliziyo zethu neengqondo zingahlala kuWe, yaye Wathi Uyakusigcina sikuxolo olugqibeleleyo. Kananjalo kubhaliwe eBhayibhileni, "Musa ukoyama ngokwakho ukuqonda." Owu Thixo, asifuni kuqonda kwethu; sifuna okwaKho ukuqonda. Siphe kona, Owu Thixo. Kwaye yanga imvuselelo ingeza ngaphakathi kwemiphefumlo yethu bade aba bantu babe nokuba ntliziyo nye nje babe moya mnye. Siphe oko, Bawo. Siphe ezi zinto, ngoku sisathandaza eGameni likaYesu Kristu.

Ude umphefumlo wam oxwiliweyo ufumane
Uxolo ngaphesheya komlambo.

Emnqamlezweni, emnqamlezweni,
Mandiqha-. . .(masiphakamise izandla zenu)
. . .naphakade;
Ude umphefumlo wam oxwiliweyo ufumane
Uxolo ngaphesheya komlambo.

Yesu, ndigcine emnqamlezweni,
Apho kukho umthombo othandekayo,
Osisisa ku . . . (ewe, Nkosi, usisisa) . . .
isikhukula esiphilisayo,
Simpompoza kumthombo waseKalvari.

Emnqamlezweni, emnqamlezweni,
Mandiqhayise njalo;
Ude umphefumlo wam oxwiliweyo ufumane
Ukuphumla ngaphesheya komlambo.

162 [UMzalwana uBranham uqalisa ukungqumshela *Kufutshane Nomnqamlezo—Mhl.]* Owu Thixo! Ukuba kukho nabani na kuni oziva ukuba angathanda ukuza apha aguqe ngasesibingelelweni, ukuba uyakuthanda ukuza, uthi, "andikho kwindawo endimelwe ukuba kuyo, Nkosi. Ndi—ndifuna ukwenza ukunikezela. Ndifuna ukukwenza ngokuhlwanje, Nkosi." Wamnkelekile ukuba uze. Silapha ukuze sikuthandazele. [UMzalwana uBranham uqhubela phambili engqumshela *Kufutshane Nomnqamlezo*]

Emnqamlezweni, emnqamlezweni,
Owu, mandiqhayise njalo;
Ude umphefumlo wam oxwiliweyo ufumane
Ukuphumla ngaphesheya komlambo.

Yesu, ndigcine kufutshane nomnqamlezo,
Kukho umthombo othandekayo,
Usisisa sesikhukula, esiphilisayo kubo bonke,
Umpompoza kwintaba yeKalvari.

Emnqamlezweni, emnqamlezweni,
Mandiqhayise njalo;
Ude umphefumlo wam oxwiliweyo ufumane
Ukuphumla ngaphesheya komlambo.

163 Masithandaze nje, mntu ngamnye ngendlela yakho ngoku. Uthi—uthi nje ulilibale ixesha. Masithobe iintloko zethu eBusweni baKhe. Eli nenekazi lincinane lilapha, liyakhwaza, "NdiyaKuthanda, Yesu!" Uyakhumbula ekusindisweni kwakho, kwiminyaka emininzi eyadlulayo, uyakhumbula ukuba kwakumnandi njani oko kuwe? Kusemnandi kanye njengokuba wayenjalo ngokuhlwanje. Masithandaze, wonke umntu ngendlela yakho ngoku. Masithi nje—masizinikele nje sonke iziqu zethu kuThixo, sinikele nje iziqu zethu ngaphaya eNkosini.

164 Nkosi Yesu Othandekayo . . . [Yindawo esisikhewu le ekhasethini—Mhl.]

UMsinga wentuthuzelo yam yonke,
Ungaphezu kobomi kum,
Ngubani endinaye ehlabathini ingenguWe?
Okanye ngubani eZulwini koko nguWe?

Thixo Othandekayo, siyathandaza ngoku ukuba inceba yaKho nobabalo ithunyelwe phezu kwakhe ngamnye kuthi, Nkosi. Silapha singqonge isibingelelo. Abaninzi abakwazanga kunyuka beze; Uyakuhlangana nabo kwizihlalo zabo. Nantoni na esiyinikelayo, Nkosi, Ukulungele ukuyamnkela. Ukuba sinikizela kuWe ixesha lethu, Uyakulamnkela; italente, Uyakuyamnkela. Kodwa, Nkosi Thixo, ngokuhlwanje sidlulela ngaphaya koko, sinikezela konke esikuko. Konke endikuko, konke endakhe ndalindela ukuba kuko, konke kukuWe, Nkosi. Siyathandaza ukuba Uthabathe oku, imithandazo yethu, ingene entliziyweni yaKho, Nkosi, uze usiphe kubunzulu obukhulu bukaMoya oyiNgcwele, ukuze ubomi butshintshwe. Kuba, siyabona ukuba sisondela esiphelweni ngoku. Akusenakuba thuba lide kakhulu. Njengokuba sibona esibathandayo besiwa, umhla nomhla, abatsha nabadala, siyazi ukuba kwakamsinya kumelwe kukuba kunkqonkqozwe kumnyango wethu. Kwaye ngokuhlwanje, Nkosi, ngeli thuba sikwingqondo zethu ezipheleleyo, sihleli apha, okanye siguqe apha, simi apha, nokuba yeyiphi na imeko esikuyo, samnkele, Nkosi Thixo.

165 Ndithabathe, Nkosi. Akukho nto ndiyiyo, kodwa nokuba ndiyintoni na, Nkosi, ukuba kukho into Onokuyisebenzisa ephuma kum, ndinikezele isiqu sam kuWe.

166 Ndiyathandaza, Thixo othandekayo, ndithandazela ngamnye kwaba. Aba bantu bathandekayo bathe bema phaya phesheya ezintabeni e-Arizona baze bakhwaza, naba ke beguqile bengqonge isibingelelo kunye nathi ngokuhlwanje, bethandaza, sinikezela ubomi bethu. SiyaKuthanda, Bawo, ngaphezu kobomi bethu buqu. SiKuthanda ngaphezu kweentsapho zethu. Sithanda Wena ukudlula inkosikazi, abantwana, utata, umama, udade, umntakwethu, umyeni, inkosikazi. SiyaKuthanda, Nkosi Yesu. Yenze loo nto ibe yinene kangako ezintliziyweni zethu, Nkosi. Galela i-oli yovuyo, kule veki, Nkosi, emiphefumlweni yethu. Siphe ukuqubha, ukuhlanjwa ngeLizwi, ngamanzi eLizwi, usahlulela eNyanisweni.

167 Baninzi apha ngokuhlwanje, Nkosi, kwaye bayakuba lapha, abathe babhideka kwezi ngongoma ziphilileyo. Owu Thixo, vula umthombo endlwini kaThixo, o—ongowokusicoca. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba usihlambe usicoce egazini laKho, usenze sibe zizidalwa ezitsha. Usinike ubabalo nokomelela, ukuze sivelise iLizwi leNyaniso likwiSityhilelo esiNgcwele salo soBume bukaYesu Kristu.

Wanga Angavela phambi kwethu, Nkosi. Wanga angeza aphilise isifo sethu, asixolele izono zethu, azalise iintliziyo zethu ezilambileyo ngendaba ezilungileyo zovuyo olukhulu, iVangeli yenziwe yabonakalaliswa kubomi bethu.

Sikelela umlungiseleli ngamnye, umculisi ngamnye, wonke umfundisi wesikolo seCawe. Sisikelele sonke, sikunye, Nkosi, kuba ngenene siyaKuthanda. Ke ngoku singabaKho, Nkosi, ngoku kuzinikezela. EGameni likaYesu Kristu, sisebenzise ngoku ngokwentando EyeyaKho.

Lukhangela kuWe ukholo lwam,
Wena Mvana yeKalvari,
Owu Msindisi oNgcwele;
Ngoku ndive ndithandaza,
Susa isono sam,
Owu mandithi kusukela namhla
NdibengowaKho ngokupheleleyo!

Niyalithanda? Masicule kwakhona.

Ndisacand'udada, ndingqongwe lusizi,
Owu, Yiba nguMkhokeli wam;
Yenza ubumnyama bube yimini,
Sula iinyembezi zosizi,
Ungandiyeki ndilahleke
Ndimnke kuWe.

Ingaba kunenza nizive nonwabile oko? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Bangaphi abathanda ukucula loo maculo akudala? ["Amen."] Ndiwathanda nje. Aniwathandi?

Owu, simatsha siya eZiyon,
Entle, iZiyon entle;
Simatsha siya phezulu eZiyon,
Eso Sixeko sihle sikaThixo.

Owu, simatsha siya eZiyon,
Owu, entle, iZiyon entle;
Simatsha siya phezulu eZiyon,
Eso Sixeko sihle sikaThixo.

Yizani, thina sithanda iNkosi,
Maluthi uvuyo lwethu lwaziwe,
Ngenelani kwiculo ngesingqi esimnandi,
Ngenelani kwiculo ngesingqi esimnandi,
Ukuze ekujikelezeni iTrone,
Ukuze ekujikelezeni . . .

Ngoku, masiphakame ngoku silicula njalo. Bamba isandla komnye umntu.

Simatsha siya eZiyon,

Ikusikelele, dade! Ikusikelele, dade! Ikusikelele, mzalwana! Akusikelele dade! [UMzalwana uBranham uqhubela phambili ukubulisa abantu—Mhl.]

Eso Sixeko sihle sikaThixo.

Masiphakamisele izandla zethu phezulu kuThixo.

Owu, simatsha siya eZiyon,
Entle, iZiyon entle;
Simatsha siya phezulu eZiyon,
Eso Sixeko sihle sikaThixo.

Owu, simatsha siya eZiyon,
Owu, entle, iZiyon entle;
Simatsha siya phezulu eZiyon,
Eso Sixeko sihle sikaThixo

Akunenzi nizive nonwabile oko? [Ibandla liyavuya—Mhl.] Bethu, bethu! Owu, masiphakamise nje izandla zethu siMdumise nje ngendlela yethu.

168 Nkosi Yesu, Wena unguMfiyo waseSharon, iNtyatyambo yaseZihlanjeni, iKhwezi Eliqaqambileyo loKusa, oyena Mhle kumashumi amawaka emphefumlweni wam. Wena unguMsinga wayo yonke intuthuzelo yam, ungaphezu kobomi kum! SiKuthanda kakhulu! Sive, Owu Nkosi. Indlela esiKubulela ngayo! Owu! [Yindawo esisikhewu le ekhasethini—Mhl.] Asikudumisi ngako! Sikelela aba, Nkosi yethu ethandekayo noMsindisi! Siphe ezi zinto, Nkosi. Siphe. [UMzalwana uBranham nebandla baqhubela phambili ukuthandaza bedumisa uThixo.]

Kufutshane nomnqamlezo,
Mandiqhayise njalo;
Ude umphefumlo wam oxwiliweyo ufumane
Ukuphumla ngaphesheya komlambo.

169 Kwindawo ethile, eyenye, ndiva ukuba siyaya . . . Kukho into ethile elapha kanye phambi kwethu. Ngoku, khumbulani nje, ndiyakholwa ukuba ndiyaprofeta. Uvuyo olukhulu lusilindele. Kholwani yiloo nto. Injalo loo nto. Zininzi iintliziyo ezidanisiweyo eziyakwenziwa . . . Iimfihlelo ezinkulu ziyakucaciswa, abantu abadakumbileyo bayakuguqulelwa eluvuyweni. [Ibandla liyavuya—Mhl.]

Kufutshane nomnqamlezo, emnqamlezweni,
Mandiqhayise njalo;
Ude umphefumlo wam oxwiliweyo ufumane
Ukuphumla ngaphesheya komlambo.

170 Njengokuba uYohane wakudala, xa wathi wamdala ukuba angashumayela, wayehlala nje akhwaze, bandixelela oko, ngawo onke amandla akhe, “Bantwana, thandanani!” Thandanani. Makungabikho nto ingena phakathi kwenu, ’yabona. Gcinani konke, yonke into ikude . . . Ewe, akunamsebenzi nokuba yintoni na, jonganani nayo. Sisendleleni eya eNineve. ’Yabona? Musani ukukhwela kuloo nqanawe iya eTarshishe, oko kunikhupha ekuhambeni

nabanye. Masihambe kanye sinyuke ngomsinga weentsikelelo zikaThixo. Ndikholelwa ukuba sizakuzifumana. Ndiyakholwa Bawo wethu.

171 Uziva ngcono ngoku, dade? Kuhle oko. Nantso indlela endithanda ukubabona ngayo abantwana bezalwa, abaphumelayo. [Lo dade uqhubela phambili ukuthandaza nokuvuya—Mhl.]

Ndicinga nje ngeminyaka eyadlulayo, kanye kulo mhlaba, indlela ekwathi ngayo amawaka amaninzi azalelwa eBukumkanini bukaThixo, kanye kulo mhlaba. Kuncinane kangakanani esasikwazi, xa sasimi apha sinamashumi asibhozo eesenti epokothweni, esiyakwakha ngawo inkonzo! Owu, Wathi, "Mna Nkosi ndityalile; Ndiyakukunkcenkcesha imini nobusuku." Kwaye Uyenzile loo nto. Uyenzile.

UThixo anisikelele. Ngoku xa sithoba iintloko zethu . . .

172 Ngoku, ngokuhlwa ngomso nikhumbule, iinkonzo ziyakubanjelwa phezulu apha kwiholo enkulu yesikolo. Kwaye ukuba . . . Siyakuba nomntu othile oyakuma apha ngoku, ukuze abonise abantu ukuba kuyiwa njani na apho, kuba kukho abasebatsha abayakube besiza.

173 NiyaMthanda, yithani, "Amen." [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Owu, Akamangalisi? ["Amen."]

174 Ndandimi apha ezantsi phezu konxweme, ndaze ndacula elaa culo lidala:

> Phezu konxweme olunesitshingitshane
> lweYordane,

Cinga, ngoko kwakukumashumi amathathu eminyaka eyadlulayo, kumashumi amathathu anesithathu, amashumi amathathu anesithathu eyadlulayo.

> Ndiphose iliso elinqwenayo,
>
> Kwilizwe elihle lolonwabo laseKanan,
>
> Apho oko kwam kukhona.

Ndabhaptiza abaninzi ke, ngolo rhatya, yaye balapho ngaphesheya ngoku. Ngoko, babemi apho balibona elaa Khwezi loKusa lisihla liphuma emazulwini, lijikeleza lisihla ngolo hlobo, lathi, "Njengokuba uYohane umBhaptizi wayethunyelelwe ukuzisa, ukwandulela ukuza kokuqala kukaKristu, uMyalezo wakho uyakwandulela uKuza kwesibini." Ingacingwa njani loo nto? Kodwa, onke aMazwi kaThixo ayinyaniso, onke aMazwi kaThixo. Siphila eBusweni boKumkani omkhulu. UThixo anisikelele.

175 Ngeli thuba sithobe iintloko zethu, ndizakucela uMzalwana Neville, umlungiseleli wethu othandekayo, ukuba eze apha asindulule ngomthandazo. UThixo akusikelele, Mzalwana Neville.

Indoda Ibaleka Isimka Ebusweni beNkosi, Umq. 9 Inani 3
(*A Man Running From The Presence Of The Lord*, Vol. 5 No. 8R)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi Lwesithathu ngokuhlwa umhla we-17 kuFebhali, ngowe-1965, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-2000 ngabe:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org